

# YIYA, UXELE



Ngqina, kwaye udade omncinci emva phaya, ndicinga ivakalisa la ngoma:

Owu, thando lukaThixo, lutyebe kwaye lungcwele kanjani!  
Indlela elingenakuqikeka nelomelele ngalo!

Yenjani imini eyiyo esinayo. Masizole nje, ngeentloko zethu ziqutyudiwe ngoku, sicule eliya kwiNkosi nje phambi komthandazo. Nje, Teddy, ukuba uyakuyenza, sinike esasikhokelo sandi sincinci. Kwaye nje masiyicilele kwi... ngeentloko zethu ziqutyudiwe, amehlo ethu evaliwe, nje phambi komthandazo.

Owu, thando lukaThixo, lutyebe kwaye lunyulu kanjani!  
Indlela elingenamlinganiselo nelomelele ngalo!  
Liyakubanjalo ngonaphakade... [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

<sup>2</sup> Ukuba i-inki, onke amanzi ebejike ayi inki, nazo zonke izibhakabhaka zenziwe amacwecwe, nalo lonke ukhuni emhlabeni lulusiba lokubhala, naye wonke umntu ngesakhona engumbhali, nokuba kunjalo ibingenakuvakalisa uthando lukaThixo kuhlanga oluwileyo luka Adam. Sibulela Wena, Bawo, ngela linexabiso iGazi leNkosi uYesu, nangala ntsasa isisikhumbuzo sovuko, noluya Lwakho uthando oluhlangulayo oluthululelwe ngokubanzi ezintliziyweni zethu namhlanje, ngoMoya oyiNgcwele. Lisizisa kubudlelwana kunye naYe, oNgcwele Yena, uMdali. Sizise kumanyano lobuzalwana, emhlabeni, elingazange ladlulwa. Akukho ndawo yakuhlala, akukho sibhambathiso, esingasokuze, sokuze sithelekiswe nomanyano lobuzalwana lazelwe ngokutsha amadoda nabafazi. Kwaye iyakuba ngonaphakade yeyabangcwele neengelosi ingoma!

<sup>3</sup> Siyathadaza namhlanje ukuba Uyakusikelela konke oko esikwenzayo ekuzameni ukuvakalisa, owethu—owethu umbulelo ezintliziyweni zethu kuWe, ngoko Othe wasenzela kona. Nokwazi ukuba hayi kuphela intliziyo zabafundi zavuyiswa ngala ntsasa, uMariya noMariya waseMagadala, kodwa kananjalo nathi, abafundi Bakho namhlanje, iintliziyo zethu zivuyisiwe ngeyure esafumana ukuba Akafanga, kodwa uyaphila. Wanga Angahlala ephila ezintliziyweni zethu, phakathi kwethu. Sicela eGameni likaYesu. Amen.

Akusokuze kubekho nabani obonakalisa uvuko!

4 Ngoku, ngale ntsasa yovuko, lelona limangalisayo ixesha lokuba iziganeko ezincinci zenzeke ebandleni ngoku, oko, oomama benikezela ukwenzela ukusikelelwa kweentsana zabo. Yinto entsha, into ethile iye yongezelelwa kwikhaya labo. Intsikelelo ethile entsha ize kubo. Kwaye bafuna, ngokwembuyekezo, bayinikele kuThixo.

5 Kuze ngoko emva ko—komyalezo wentsasa, sizakuba nomthandazo ngabagulayo, okokuba niyakuvuswa ekuguleni, ningene kwimpilo entsha. Kuze kwamsinya emva koko, kwabo bangekabhaptizwa, sizakuba novuko lokuya; ukungcwatywa emanzini, ukuvuka kubutsha bobomi. Kukonke luvuko ngale ntsasa, uvuko! Iintliziyu zethu zivuyisiwe kwaye zikhaphukhaphu, njengoko sicula iingoma kwaye siphulaphule kubungqina babanye, bemangalisayo intsasa yovuko. Kwaye sikhangele ngaphandle kwaye sibona uThixo uyavuya malunga nayo, imithi iyavuka.

6 Ngelinye ixesha eligqithileyo, ezantsi eKentucky, uMnu. Wood kunye nam sasizingela oonomatse, kwaye saya ngaphaya kwindawo yendoda. Indoda ingabe ihleli ikhona kanye ngoku, ngako konke endikwaziyo. Kwaye yayifanele ibe ngongakholwayo. Kwaye uMzalwana uWood wayibuza, wathi, “Ndingazingela oonomatse kwindawo yakho?”

Yathi, “Ewe, Wood, ungazingela oonomatse. Hamba ujike.”

Wathi, “Kuhle, ndizise, umalusi wam naye.”

7 Yaze yathi, “Wood, akuthethi kundixelela ukuba uhle kakhulu okokuba kufuneke uhambe nomshumayeli lonke ixesha!”

8 Kwaye ke wandibizela ngaphaya u—ukundazisa. Kwaye wayethe umfo luhlobo olunzima lomfo. Wayexelelwe ngabanye, okuya, kodwa yayingenakho ukubona nantoni enokuyenza ikholwe.

9 Kwaye kwakukho umthi we apile umile phaya endathi ndachola i-pile kuwo. Kwakungo Agasti. Ndaza ndathi kwinene, ndathi, “Mdala kangakanani lomthi?”

10 Yaze yathi, “Athile amashumi amathathu eminyaka,” into ethile okanye enye. Yayiwutyalile.

11 Ndaze ndathi, “Uwadlile ama apile kususela iwathwala?”

“Ewe, mhlekazi.”

12 Ndathi, “Kwenzeka ntoni emthini? Ukuba uyakujonga kuwo, ngoku kungo Agasti, bekuyimozulu eshushu lonke ixesha; kodwa ngoku amagqabi ayawa kula mthi, kwaye incindi iyawashiya amasebe, isehlala ezingcanjini. Ukuba ingahlala phezulu apha ebusika, umthi awuyi kubakho; kodwa iyehlala emhlabeni, ukuya kuzifihla kumaqhwa engqele. Ukuba iyahlala phezulu apha, uyakufa, awuyi kuthwala ma apile kwakhona. Kodwa iyehla ukuya kuzimela ezingcanjini, ukuze ibuyele emva

kunyaka ozayo, ukukuvelisela amanye ama apile asuka ndaweni ithile, kunye namanye amagqabi.”

<sup>13</sup> kwaye ndathi, “Ngoku, mhlekazi, ndi—ndiyakubongoza uyakundixelela bobuphi ubuKrelekrele obenza lancindi ishiye umthi ngaphambi kwayo nayiphi imozulu ebandayo, ihlele ezantsi ezingcanjini ukuya kuzimela? Ukuba ungandixelela yintoni ekwenzayo okuya, ngoko ndiyakukuvumela ubeke isandla sakho kuThixo.” Ndathi, “Ubeka amanzi epalini uze ubone ukuba iyakuyenza, ubone ukuba ukuguquka kwemozulu kuyakuyenza. Kukho obuthile obukhulu ubuKrelekrele obenza la ncindi yehlele eengcanjini yomthi, ize iyibuyisele emva kwakhona nobomi obutsha. Lowo nguThixo.”

<sup>14</sup> Yaze yathi, “Andizange ndiye ecaweni kangako.” Yathi, “Kodwa kukho umshumayeli owathi weza apha e-Acton, ngelinye ixesha, waza waxelela umfazi othile, ohlala ngaphaya endulini, ukuba udade wabo wayengapha emhlanganweni ngoba busuku, waze wamxelela wayethandazela udade obe enomhlaza.” Yaze yathi, “Inkosikazi nam besingaphaya ukuya kumnceda.” Yathi, “Wayembi kakhulu, ngomhlaza wesisu, de kufuneke bamguqule ebhedini ngeshiti, nanjalo njalo. Udade wabo wabuya netshefu,” yathi, “emveni kokuba indoda imxelele malunga neemeko nako konke, yathi ‘beka itshefu kuye.’” Yaze yathi, “Uphilile namhlanje.”

<sup>15</sup> “Kwaye iyabonisa nje.” Ndathi, “Kwa obunye ubuKrelekrele obaxelela la ncindi emthini, unyaka nonyaka, kanye phambi kwamehlo akho, ukuba yehlele ezingcanjini izimele, babubokwabobunye ubuKrelekrele obandixelela ukuba umfazi uyakuphiliswa xa ebeka i...” Ndathi, “Ayikho kangako—kangako ukuba ngumnqa. Unongcono kakhulu umshumayeli emile phambi kweyadi yakho, umthi, okuxelela unyaka nonyaka.”

<sup>16</sup> Ukuba nje singabhekabhaka, sibona uThixo ndaweni yonke. Ukuwo wonke umthi, lonke isebe lengca. Akukho nto enokuyivelisa kuphela nguThixo. Singavelisa into ethile ekhangeleka ifana nawo; kodwa hayi oba bomi, nguThixo.

<sup>17</sup> Ngoku, isebe elincinci lengca libe longezelelwe kumakhaya athile apha, kwaye sifuna ukunikezela ukwenzela ukusikelela ezi zincinci iintsana kwiNkosi. Teddy, sinengoma encinci apha esiyiculayo, *Baziseni Ngaphakathi*, ungathi udlale okuya ngelixa oomama abafuna iintsana zabo zinikezelwe ukwenzela ukusikelelwa, nootata, bayakuzisa abancinci babo apha kwisibingelelo.

<sup>18</sup> Kwaye sinezininzi iintyantyambo ezincinci zePasika apha esibingelelweni ngale ntsasa, asinjalo? Bethu, bethu! Ndiyacinga phaya ngooMariya abancinci, ooRute, ooRebheka, omncinci Yakobi, uPawulosi noYohane, konke apha, iintyantyambo ezincinci zePasika ukwenzela esinye isizukulwana.

<sup>19</sup> Konke kulungile, kanye phaya. Ndiyakholwa uMzalwana uBeeler ufuna ukufumana lomfanekiso walo—walomfo mncinci omileyo apha, ngu—ngumzukulwana kaMzalwana uWood, uDade Wood ngapha. Kwaye abanye bayeza ngoku kunye nabancinci babo. Yizani, bakuthi. Ilungile lonto. Mzalwana uNeville.

<sup>20</sup> Inkulu imanyano yomtshato ongwele, imiselwe nguThixo. Kwaye ngomtshato ongwele uzisa ezi zithandekayo zincinci iintsana.

<sup>21</sup> Kuyakufuneka undixelele igama lalo apha ngoku. Brenda Sue. Ukhangeleka wahluke kakhulu, sana, kunokuba ndakubonayo kuqala. Kulungile, apha ngomncinci uBrenda Sue Wood, ngenene obuxabisekileyo obuncinci ubutyebi ezintliziyweni zethu sonke, kwaye ngokukhethekileyo kulo mama mtsha notata.

<sup>22</sup> Kwaye kumaxesha eBhayibhile. Abantu abaninzi bayazikhwitsha ezi ntsana zincinci; kodwa sizama ukulandela ikhondo leBhayibhile ngokusondeleyo njengoko sinokubanakho. Asizange sibone apho babekhe bakhwitshwa khona, eBhayibhileni, kodwa baziswa kwiNkosi uYesu yaze Yona yabasikelela. Kwaye siyabathabatha, njengezicaka zaYo, sibaphakamisela kuYo.

<sup>23</sup> Ndiyakholwa ukuba niyayazi indlela azingca ngayo utatomkhulu, niyayazi. Ke masiqubude iintloko zethu nje umzuzu.

<sup>24</sup> Nkosi Yesu, uMntwana kaThixo, Owanikezelelwa ukona kwethu. Kwaye yinto exabiseke kakhulu ukubona abantwana abancinci besiziswa kuWe, ukukhumbula oko kwenzekayo kwiminyaka emininzi eyagqithayo, xana oomama nootata bazisa ababo abancinci kuWe. Siphethe phambi Kwakho, namhlanje, ezingalweni zokholo, omncinci uBrenda Sue Wood, othe wathunyelwa kusapho loMzalwana wethu uDavid kunye noxabisekileyo umfazi wakhe. Bawo Thixo, sikelela lomntwana.

<sup>25</sup> Bavuma ukholo lwabo kuWe, njengoko bebonakalisa inzala yabo kumanyano lwabo. Kwaye siyathandaza ukuba Uyakubasikelela. Kwaye zanga iintliziyo zabo zingafudunyezwa nguMoya oyiNgcwele, ukuba ziphile obunjalo bobuthixo, obungcwalisiweyo ubomi, okokuba olu sana luyakuziswa kwikhaya lobuKristu, likhuliselwe ekuhloneleni uThixo, lize liphile obude, bovuyo ubomi apha emhlabeni, kwaye likhonze Wena yonke imihla yobomi balo. Kwaye kuZuko, apho iintsapho zihlangana khona, wanga uBrenda Sue omncinci kunye notata nomama wakhe, kunye nabo bonke abantu babo, bahlangane khona etroneni kaThixo, behlangulwe ngobabalo lukaKristu, apho simphakamisela kuYe ngoku.

26 Dade wethu omncinci, ngoku ndikunikezela kwiNkosi uYesu Kristu, ukwenzela ubomi benkonzo kuYe, eGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo. Amen.

27 UThixo akusikelele, Marilyn, David, uvuyo oluninzi nempumelelo. Wanga omncinci angaphilela kuBukumkani bukaThixo.

28 Ngoku, nantsi inkwenkwe entle, olukhulu kakhulu uncumo ebusweni bayo. Igama layo? [Unina uyaphendula. Indawo engananto eteyiphini—Mhl.]

Sharon Rose...[Unina uthi, “Sharon Daulton.”—Mhl.] Daulton. Daulton. Ingaba olu lusana lukaMzalwana u-Ed? Ke, noko, malunga namashumi amabini anesibini eminyaka eyagqithayo, uThixo wathabatha ezingalweni zam omncinci uSharon Rose, oseZulwini, namhlanje. Kwaye ngoku, ukunikezela kuYe ukwenzela ukusikelelwa, ngomncinci uSharon Rose Daulton. Siyazi Mzalwana u-Ed noDade Daulton, apha, nje ngabahlobo bethu abaxabisekileyo. Olunjani ukuthandeka usana!

Bawo wethu waseZulwini, sizisa kuWe lona mncinci uSharon Rose. Ekukhumbuleni enkulu iNkosi uYesu, Eyema emhlabeni, kwaye bezisa kuYe amantombazana amancinci afana nalo, Ndithandazela olu sana, Nkosi. Langa lingaphila kwaye lomelele libe sempilweni. Langa lingaphilela eluzukweni lukaThixo. Sikelela utata nomama walo. Langa lingakhuliselwa ekuhloneleni uThixo. Bayaluvuma ukholo lwabo kuWe njengoko besizisa usana lwabo kuWe. Ngoku sinikezela kuWe, omncinci uSharon Rose Daulton, okokuba Uyakusikelela ubomi bakhe, Nkosi. Ndiyamzisa ukusuka ezingalweni zikamama notata wakhe, kuWe, Nkosi yam noMsindisi, uYesu Kristu, ukwenzela uzuko Lakhe. Amen.

UThixo akusikelele, dade, kunye nawe, mzalwana.

Owu, bethu! Encinci, egulayo inkwenkwe. Yintoni ingxaki yayo? [Unina uthi, “Intloko yayo iba nkulu...” Indawo engananto eteyiphini—Mhl.] ...into ethile eyahlukileyo. NdiyaMkholwa.

Nkosi, Thixo, ndiphethe ndizisa kuWe omncinci uMason. Ndiyathandaza, Nkosi Yesu, ukuba Uyakuthabatha olu sana endiluphetheyo khona apha ezingalweni zam, ukumnikezela ukwenzela ukusikelelwa kwakhe kuWe. Ndiqalekisa lenkxwaleko phezu kwakhe. EGameni likaYesu Kristu, wanga omncinci uMason angabekwa ezingalweni Zakho, Nkosi, kwaye ukuxhwaleka kungemka kuye. Lwanga usana lungaphilela kwimbeko nozuko lukaThixo. Abazali babonakalisa ukholo lwabo njengoko beluzisa. Wanga Ungamphilisa umntwana kwaye umenze aphile. Wanga angaphilela kuzuko lukaThixo, ukuba akukhonze Wena. Nkosi Thixo, ndinikezela kuWe

omncinci uMason, eGameni likaYesu Kristu, ukwenzela ubomi bakhe nempiliso yakhe. Amen.

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Kholwa nje ngentliziyo yakho yonke.

Owu, intombazana encinci, nawe? Kulungile, oko kuhle. Yiza apha, mfo omncinci. Yima kanye apha. Igama lakho ngu... [Uyise uthi, "Sumner."—Mhl.] Sumner. Mzalwana noDade Sumner. Ndiyakholwa usuka eGeorgia, akunjalo? Ndinge ndiwukhumbule umthandazo. Kukho abantu abaninzi ezantsi phaya. Lena yi... ["Latrele."] Latrelle. ["Dwight."] Dwight. ["David."] kunye noDavid. Niwavile amagama abo. Wanga uThixo angawabhala amagama abo eNcwadini yeMvana yoBomi.

Bawo wethu waseZulwini, sizisa aba bancinci bathandekayo kuWe ngale ntsasa, njengoko ndibeka isandla sam kumaphotho amancinci kwiintloko zabo, ezincinci ezithambileyo iinwele zala makhwenkwe. Owu Nkosi, basikelele. Abazali babo bavakalise uthando lwabo nokholo lwabo kuWe ngokuzisa abantwana babo. Kwaye siyabanikezela kuWe ukwenzela ukusikelelwa, Nkosi, njengoko bathatyathwe ezingalweni zabazali, ukuba bemiswe apha kwesi sibingelelo ngale ntsasa, ukungewalisela ubomi kuThixo. Basikelele, Bawo. Siyathandaza ukuba Uyakubenza baphile ukuba bavuye, yonke imihla yobomi babo, uBomi obunguNaphakade kwihlabathi elizayo. Banga bangakhuliselwa ekuhloneleni uThixo, kumakhaya obuKristu.

Ngoku, ngomyalelo kaYesu Kristu, onikwe umzekelo kubalungiseleli Bakhe, okokuba bayakufanele balandele njengokoENZILEYO, Ndibanikezela kuWe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

[Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.]

Ezantsi kude ekukhanyeni kwelanga kwiphondo laseGeorgia, olu sana lwaziswa apha ngothandekayo utata wakhe nomama wakhe, ukuze anikezelwe kuWe ukwenzela ukusikelelwa kule ntsasa yesikhumbuzo. Sisithsaba sobabalo Lwakho kusapho lwabo. Ndiyathandaza ukuba Uyakusikelela omncinci uRenee, unina noyise. Kwaye babonakalisa ukholo lwabo kuWe, ngokuzisa umntwana, befuna iintsikelelo Zakho phezu kwakhe. Kwaye wanga angaphila abe ngowomeleleyo, owonwabileyo umKristu, zonke iintsuku zobomi bakhe; kwaye abe noBomi obunguNaphakade kwimihla ezayo, ehlabathini elizayo. Yinikeze, Bawo. Njengoko Uchole ezinjeya ukulunga izinto ezincinci, njengaba bantwana ngale ntsasa, ezingalweni Zakho, iintsapho zibonakalise ukholo lwazo kuWe, ngokuzizisa kwizicaka Zakho. Kwaye sisikelela uRenee omncinci kwaye simnikeza kuWe; ukusuka kwiingalo zabazali bakhe, ukuza kuWe. EGameni likaYesu Kristu, wanga Ungamsikelela. Amen.

Usikelelwe, mzalwana. UThixo akusikelele, Renee.

Masicule nje ibenye ivesi yokuya.

Bangenise, bangenise,  
Baziseni ngaphakathi bephuma kumasimi  
eson;

Baziseni ngaphakathi, baziseni ngaphakathi,  
Zisani abancinane kuYesu.

<sup>29</sup> Owu, indlela ebendiyakuthanda ngayo ukuma emgcezi ndithethe malunga naye ngamnye wabo abafu abancinci, kodwa ndicotha kakhulu, kakade, kwaye abantu bemile. UMzalwana uWood undixelele ngale ntsasa, wathi umqolo wakhe ebubuhlungu ngenxa yokuma. Anazi indlela endinixabise ngayo ngokuma kwaye nilinde! Kwaye ndiyakukhawulezisa nje ngomyalezo, kangangoko ndinakho. Kwaye niphulaphulisise.

<sup>30</sup> Andikhange ndibe naxesha lokulungisa lenkonzo yakusasa, okanye lo myalezo ngale ntsasa, nje ithutyana. Ndichole isiqendwana nento ethile ebeyahlukile.

<sup>31</sup> Kwaye kwiPasika egqithileyo ndishumayele umxholo: “*Ngokuphila*, Wandithanda. *Ngokufa*, Wandisindisa. *Ngokungcwatywa*, Wathwalela kude izono zam. *Ngokuwuka*, Wandigwebele ngesisa naphakade. ngenye imini *Uyeza*, owu, imini yozuko!”

Kwaye ngoko ngale ntsasa sishumayele kumxholo: *Ndiyazi*.

<sup>32</sup> Kwaye ngoku, ukuba iNkosi ithandile, ndifuna ukufunda ukusuka kwisahluko sikaMarko oNgcwele. Kwaye nithandaze kunye nam ngoku.

<sup>33</sup> Kwaye kwakamsinyane emva koku iyakuba yinkonzo yempiliso. Kuze emva koko emva kwenkonzo yempiliso iyakuba yinkonzo yobhaptizo. Kuze emva koko iinkonzo ziyakuba ngobu busuku ngecala emva kweyesixhenxe.

<sup>34</sup> Ngoku uMarko 16.

*Kwaze xana isabatha idlule, uMariya waseMagadala, . . . uMariya unina kaYesu, noSalome, bezisa izinongo ezimnandi, ukuze beze bamthambise.*

*. . . kwakusasa kakhulu kusuku lokuqala lweveki, beza engcwabeni ekuphumeni kwelanga.*

*Baye bethetha bodwa, Ngubani na oya kusiqengqela ilitye lisuke engcwabeni?*

*Bathi bakukhangela, babona ukuba ilitye liqengqiwe lesuka: kuba lona lalilikhulu.*

*Bengenile engcwabeni, babona indodana ihleli ngasekunene, izithe wambu ngengubo ende emhlophe; baqhiphuka umbilini.*

*Baze bathi kubo. . . Yaze yathi kubo, Musani ukoyika: Nifuna uYesu waseNazarete, obebethelelwe*

*emnqamlezweni: uvukile; akakho apha: nantsi indawo ababembeke kuyo.*

*Kodwa hambani, nize nibaxelele abafundi bakhe noPetros ukuba uyanandulela ukuya eGalili: nombona khona, njengoko wayetshilo kuni.*

*Baphuma ke kwamsinya, babaleka engwabeni; kuba babephethwe lungcangcazelo nokuthi nqa: abathetha nto nakubani; kuba babesoyika.*

*Ngoku xana uYesu evukile kwasekuseni ngosuku lokuqala lweveki, wabonaka kuqala kuMariya waseMagadala, yena lowo awayekhuphe kuye iidemon zasixhenxe.*

*Waya yena wabikela ababenaye, njengoko e... njengoko babezilile belila.*

35 *Niyabona, babekwingqumba yothuthu, nabo.*

*Kwaye bona, xana babevile ukuba uyaphila, kwaye eboniwe nguye, abakholelwa.*

36 *Indlela elingumnqa ngalo iLizwi likaThixo!*

*Emveni kokubonakala ku...ngesinye isimo kwababini bakubo, njengoko behamba, besingise amaphandleni.*

*Kwaye xana...kwaye baya kuyixela kwabanye: ababakholelwa nabo.*

*Kamva wabonakala kwabalishumi elinamnye njengoko babehleli ngasesithebeni, wabagcikiva ngobulukhu-...ngo—ngokungakholwa nobulukhuni bentliziyo, ngokuba abakholelwanga abo bambonileyo emveni kokuba evukile.*

*Waze wathi kubo, Hambani niye kulo lonke ihlabathi, ...nishumayele ivangeli kuyo yonke indalo.*

*Lowo ukholiweyo kwaye wabhaptizwa uyakusindiswa;...lowo ongakholwanga wogwetywa.*

*Kwaye nantsi imiqondiso eyakulandelelana nabo bakholiweyo; Egameni laM bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha;*

*Bayakuphatha iinyoka;...ukuba basela nantoni into ebulalayo, ayiyi kubenzakalisa; bayakubeka izandla kwabagulayo, ...bayakuphila.*

*Ke ngoko emveni kokuba iNkosi ithethile kubo, yanyuselwa ezulwini, yahlala ngasekunene kukaThixo.*

*Ke bona baphuma, bashumayela kuyo yonke indawo, iNkosi isebenza nabo, iliqinisela ilizwi ngayo imiqondiso ephilekana nalo. Amen.*



37 Ndingathanda ukuthabatha isiqendwana kumagama amabini: *Yiya, Xela*.

38 Niyayazi, ayenzi kangako okulungileyo ukuya ukuba akunanto yokuxela. Ndinga leyo ibiyilonto yonke yengxaki yanamhlanje. Siyaya kuxela, siyaya kodwa asinanto yokuxela, akukho nanye into eyinzuzo, akukhonto eyakunceda abantu.

39 Kodwa ukuba siyakulandela imiyalelo njengoko aba bafundi abafumana umyalelo, sinomyalelo okwamnye, “Yiya, xeleda abafundi bam ukuba Ndivukile ekufeni.” Yiya, yixele!

40 Emva koko Wathi, “Yiya, yishumaye, uze ubonise le miqondiso yokuba Ndiyaphila ukusuka ekufeni.” Onjani umyalezo! “Yiya, xela, kwaye uhambe, bonisa abafundi baM ezi zinto zokuba nindibonile, okokuba aNdifanga, kodwa ndivukile ekufeni.”

41 KuMyalezo wakusasa ngale ntsasa, sifumanisa ukuba wonke ngamnye kuthi uneengqumba ezincinci yothuthu lweengxaki nezilingo esihleli kulo, ngamanye amaxesha, silindele intuthuzelo. Siyafumanisa ukuba iqhawe elikhulu uYobhi wafumana umbono, ngokuba babengenayo iPasika ngoko, kodwa wabona amawaka amane eminyaka kude ngale ntsasa. Wabona amawaka amane eminyaka kude, iPasika, wandanduluka, ekumatshekeni kwakhe, “Ndiyazi uMhlabuleli wam uhleli! Imihla yokugqibela, Uyakuma emhlabeni. Nakubeni iimpethu ziwudlavule lomzimba, noko enyameni yam ndiyakumbona uThixo.”

42 Ngoku, emva kwePasika, siyafumanisa ukuba uThixo wanika umntu umyalelo, “Yiya, uxele! Kwaye ukuba uyaxela, oku kuyakulandelelana nawe. Yiya kwaye uxele!”

43 Ngoku, ayenzi okulungileyo, njengoko nditshilo, ukuya, ukuya, ngaphandleni unento yokuxela. Kwaye ukuba unomyalezo ongalunganga wokuxela, ngoko ayisayi kwenza nanye into elungileyo. Kufanele uchaze yintoni imfihlelo.

44 Ngelinye ixesha eligqithileyo bendifunda encwadini, ngenkwenkwe encinci ebi... yangenela ukhuphiswano. Kwaye kolu khuphiswano kwafuneka izenzele igama elidumileyo. Nayiphi inkwenkwe encinci enokugcina ipassword igama eliyimfihlo engqondweni yayo de ifike kwindawo ethile, kwaye ibiyakuthetha le password igama eliyimfihlo, aze umgcini sango ayivulele. Olo yayikukuvavanya i-IQ ukuhlakanipha komntwana. Kwaye xana yafika endaweni, ithetha iipasswords amagama ayimfihlo eyayiwanike, isango beliyakuvuleka kwaye ibiyakuphumelela iwonga elikhulu.

45 Inkwenkwe ethile encinci, eyayinokukhawuleza kakhulu ngeenyawo, kwaye isazi kakuhle kwaye kakuhle ukuba iyakuwashiya onke amanye amakhwenkwe kukhuphiswano, okanye yacinga inganakho. Yazilungiselela imini emva kwemini, ngokubaleka. Yampompa imiphunga yayo emincinci, yenza

umzimba wayo wacuthana, ukuze inganxaphi njengoko ibaleka. Kwaye yazilungiselela indlela yokuqala ngeenyawo zayo, kwaye ityhobozele phambili kuwo onke amakhwenkwe. Nendlela ekufanele iphefumle ngayo ngexesha lokubaleka kwayo, ukuze igcine ioksijini ezayo kumzimba wayo, ukuyigcina impompa, okokuba ayiyi kucuthozisa intliziyo yayo kakhulu. Yayifundisisa kuwo onke amacala enokuba nakho.

<sup>46</sup> Kwaze ngentsasa olwaqalisa ngalo ugqatsho, kwakukho angaphezulu kunekhulu namashumi amahlanu amakhwenkwe amancinci edwelile, kumnyaka othile. Le nkwenkwe incinci yayingumlinganiselo omhle wenkwenkwe, malunga neminyaka yayo. Kwaye yakhumbula konke ukuziqeqesha kwayo. Yaza yalungela. Bangena emgceni, babeka imbuso zabo ezincinci zoyama i—intambo ebalapho, atyhalela impumlo yawo encinci kuyo. Wayeyifundisisile yonke imigaqo yokuya, wazenza walungela.

<sup>47</sup> Kwaze emva koko xana umpu wadubula, yaze intambo yaqhawulwa, amakhwenkwe amancinci atsibela phambili. Waze lo mfo mncinci elunge kakhulu ngomzimba wade watsibela kude phambili kunabanye bonke. Kwaye ukuhla ngendledlana waya ngesikhulu isantya, eqeqeshwe kakuhle, wade waba nokuwashiya onke amakhwenkwe awayephaya kolagqatso. Kwaye wayephaya, owu, elide kakhulu ixesha, mhlawumbi umzuzu okanye ngaphezulu, ngaphambi kongcono wezinye imbaleki zakhe zafika kwindawo.

<sup>48</sup> Kodwa, konke ukuqeqesheka kwakhe komzimba, walibala ipassword igama eliyimfihlo. Walibala eyona nto ekwakufanele ayitsho, ukumenza angene esangweni. Waza waya emva naphambili, eyicinga, kwaye ephanda engqondweni yakhe. Wayenomdla kakhulu ngokwendalo, iimeko eziphathekayo ngokwendalo zomzimba wakhe, de walibala eyona nto. Khona, ezantsi emgceni, amanye amakhwenkwe ayengabalekanga ngokukhawuleza, akhumbula ipassword igama eliyimfihlo, aze angana.

<sup>49</sup> Ke injalo namhlanje! Sinomdla kakhulu ekwakheni izindlu zokunqula, kunye namabandla nezakhiwo, nanjalo njalo, kwaye benomdla kakhulu ekugcineni amabandla abo acuthwe kakuhle, nezakhiwo ezintle nezitofotofo izitulo nee-ogani ezintle. Abalungiseleli bethu baqeqeshwe kakuhle e...Bano Gqirha DL., Ph.D., LL.D. izidanga, kodwa siyalibala esibalekela kona. Leyo yingxaki. “Yiya, xelela abafundi bam ukuba Ndivukile ekufeni kwaye Ndiyakuhlangana nabo eGalili.” Silibele isikhokelo-gama. Besixakeke kakhulu ngezinye izinto, sisenza amabandla amakhulu, sisakha amahlelo amakhulu, de silibale isikhokelo-gama.

<sup>50</sup> Imiphefumlo emininzi isindisiwe ngenxa yamalungiselelo ukwenzela iziganeko ezizayo. Ngelinye ixesha eligqithileyo,

ndaxelelwa ukuba eFlorida, unondaba, iziko lemo yezulu, sathumela usasazo-ndaba zokuba kwakukho isaqhwithi esikhulu esizayo. Kwaye enye indoda yayikhulisa iinkukhu, yaza yaya kummelwana wayo yamxelela ukuba isaqhwithi siyeza. Akazange ahoje, wathi, “Ubuvuvu!” Yaze nje yaqhubeka. Ayizange izivalele inkukhu zayo. Ayizange iye kwindawo yokuzimela. Ayizange yenze nawaphi amalungiselelo. Kwaye ummelwana wayo wenza amalungiselelo. Kodwa zonke, lowo ungazange athathe silumkiso, zonke inkukhu zakhe zaphaphathekiswa zemka zafa, indlu yayo yadilika, imfuyo yayo yalahleka, yathunyelwa esibhedlela. Konke ngokuba akazange ahoje silumkiso! Yayiwazi umyalezo wawunikeziwe, kodwa yasilela ukuthobela umyaleza.

<sup>51</sup> Leyo yindlela eza ngayo namhlanje, kunye nabaninzi abantu bethu, namaninzi amabandla ethu. Siyayazi ukuba iBhayibhile isifundisa ukuba uYesu Kristu nguye izolo, namhlanje, naphakade. Siyayazi ukuba iBhayibhile isifundisa, uYesu wathi, kuYohane oNgcwele 14:12, “Lowo ukholwayo kuM, nakubeni, imisebenzi eNdiyenzayo uyakuyenza naye; nemikhulu kunale uyakuyenza, ngokuba Ndiya kuBawo.” Ngoku sibe sinomdla kwezinye izinto, singathathi silumkiso, singahoyi. Sibalekile, kodwa singahoyi kuMyalezo. Simkile, kodwa singazi emasikuxele xana sifika phaya.

<sup>52</sup> Iintsuku ezimbalwa ezigqithileyo xana amabandla eli hlabathi, xana amabandla obuKristu aziswa kwintloni nehlahlo, xana esihloniphekileyo nesiqaphelekayo nesimoyikayo uThixo isicaka, uBilly Graham, waziswa ubuso ngobuso neBhayibhile. Wayebalekile, kodwa walibala uMyalezo; xana la Mmohamedi wajamelana naye wamxelela, “Ukuba eli liLizwi likaThixo, masikubone uLibonakalisa.” Wayebaleke kakuhle, iimvuselelo ezinkulu, izinto ezinkulu. Kodwa, xana ifika endaweni, wayengenawo uMyalezo.

<sup>53</sup> “Ndivukile ekufeni. Ndisenguye izolo, namhlanje, naphakade.” Ukubaleka ngomzimba, amabandla amahle, amalungu amaninzi, amahlelo amakhulu, kodwa oko ayisosikhokelo-gama. Bukela okwalandelayo, “Kwaye le miqondiso iyakulandelelana nabo bakhholwayo.” Yiya, kodwa engayazi amakayixele.

<sup>54</sup> UThixo akazange wathuma mntu ngaphandle Amnike into yokuthetha. UThixo usoloko ewangqinela aMazwi Akhe.

<sup>55</sup> Ukuhamba, kodwa ukungakwazi ukuxela xana ufika phaya. Akukhathaliseki zinkulu kangakanani iimvuselelo zakho, likhulu kangakanani ibandla lakho, okanye kukangakanani ihlelo lakho lidobelela amanye, ukuba akunanto yokubaxelela, onako kuphela ligquba labantu abahlangene kunye nje ngendawo yokuhlala?

56 SinoMyalezo wokuxelela ihlabathi, “UYesu uyaphila! Akafanga!” Thathela ingqalelo uMyalezo!

57 Kwesi sizwe sikhulu ekungoku esinombulelo ngaso, i-United States yase Merika, kuwo wonke umbhodamo wayo, kubo bonke ubukrwada bayo, wonke indawo zayo ezimbi, isesesona sizwe sikhulu kakhulu ehlabathini, kwaye ekuqalekeni, ngokuba samiselwa kakuhle. Asiwuthwelanga uMyalezo.

58 Kwiminyaka emininzi eyagqithayo, xa sasikubantsana baso, ibali liyafika engqondweni yam, okokuba iBhritane yayizakuthabatha amanyano lwezizwe lwesi sizwe. Kwaye kwakukho iqela lamadoda ayehlakene kunye kwaye esemsebenzini, egadile. Kwaza kwabakho ihashe lema libotshelwe, kunye nomkhweli elungele ukukhwela nangawuphi umzuzu. Into yokuqala awayifumanayo yayingumqondiso wokuba iBhritane yayisiza, waza wabopha ihashe lakhe. Yintoni elungileyo eyakumenzela yona ukuphalisa ihashe lakhe? Yintoni elungileyo emenzela yona ukubetha ihashe azame ukwenza indlela yakhe eya ecaweni eBoston, yintoni elungileyo ebiyakumenzele yona ukuba ebengenawo umyalezo wokuxelela abantu? Bebeyakwazi njani ukuzilungiselela?

59 Abethu banamhlanje ooPaul Revere babaleke kakuhle, kodwa, bayabaleka nje, akukho Myalezo. Iyure ilapha, ingxubakaxaka iyaqhubeka! Ihlabathi lisekupheleni! Amabandla adibene novutho-ndaba lwawo. Izizwe zidibene novutho-ndaba lwazo. Ubomi boluntu budibene novutho-ndaba lwalo. Inzululwazi idibene novutho-ndaba lwayo. Sizenze umbutho saza senza amabandla amakhulu, sahombisa abashumayeli bethu saza sababeka ndawonye, ukuze bazi indlela yokusebenzisa izenzi zabo nezihlomelo, nezandi mazwi zabo na—nazo zonke izikhamiso zabo, kwaye yonke into ilunge kanye kwipsychology, ukuxhulumana nabantu. Kodwa oko asikuko oko uYesu wakutshoyo!

60 “EGameni laM bayakukhupha iidemoni. Bayakuthetha ngeelwimi ezintsha. Ukuba inyonka enobuhlungu iyakubatya, ayiyi kubenzakalisa. Ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphila.” Ihlabathi lidinga umthunywa onoMyalezo, ukuxela into ethile, kwaye nowaziyo apho uMyalezo usuka khona naLowo Usuka kuye.

61 Paul Revere, njengoko wayekhwela kwahashe lakhe, indoda eligorha, indoda esemalini okoko nje kukho isizwe sokuba yimbali yaso. Yenza olwahambo lokukukhwela luqaphelekayo ukusuka kumanyathelo ebandla, kunye nomyalezo owothuso umntu wonke, ukusuka koyena uhluphekileyo ukuya koyena utyebileyo, ukusuka kumfama ukuya kusomashishini, “AmaBhritane ayeza!” Aza amadoda angamavolotiya obujoni azilungiselela ukuhlasela. Saza esi sizwe sikhulu sasindiswa.

<sup>62</sup> Ukuba eligugu likaThixo, ukuba aba bantu athe uThixo wabafela, ukuba eli Bandla elibizwa ngeGama Lakhe, lingaze lisindiswe, sifanele sibe nomthunywa kunye noMyalezo osuka eTroneni, ukuhlangabezana nomngeni wolu suku. Kukho uGoliyathi, kodwa uThixo ngenene uyakuba noDavide ndaweni ithile. Kufanele siqubisane noqhagamshelwano. Kufanele sibe ne . . . Kufanele sibe noMyalezo.

<sup>63</sup> Siyaya, kodwa singenanto yakutsho. Iyayibonakalisa, xa sifika endaweni apho isizwe okanye abantu bemphika uYesu Kristu ukuba nguNyana kaThixo, baze beme ebusweni babona bethu abalungiseleli banamhlanje abacela umngeni. Kwaye ngoko kumbutho wethu omkhulu webandla, ukufumana amashumi amathathu athile amaKomanisi ephethe amaphepha amashumi amabini okanye amashumi amathu eminyaka, okuba angamalungu eqela lobuKomanisi, kumabandla ethu amanyeneyo. Yintoni esinokuyenza? Ibonakalisa babaleke ngaphandle koMyalezo; bathengisa ngobona buzibulo besizwe, bethengisa isigxina sobuzibulo beBandla.

<sup>64</sup> Iyonke ifikelele kumanqam. Ifike kwindawo elithe iBandla elincinci elikholelwe uMyalezo, laze lema ngeenyawo zombini, kunye namehlo alo engqamene noMnqamlezo, ezintliziyweni zabo uvuko lukaYesu Kristu, luvutha! Ifike kwindawo apho izizwe kufanele ziWuqonde. Ifike kumanqam. Akumangalisi ukuba amabandla . . . Xana iBhunga leeCawa, ibelikhaphela kakhulu kunye nobuKomanisi, akumangalisi benganakukholelwa kokungaphezu kwendalo. Akumangalisi bengenakukholelwa impiliso eNgcwele; abanawo namnye uMyalezo ezintliziyweni zabo, akukhathaliseki bebaleka ngamandla kangakanani.

<sup>65</sup> Ukuba uMoya oyiNgcwele ufika entliziyweni yomntu, uyakukholelwa ukuba uYesu Kristu uvukile ekufeni, kwaye Uyaphila kuye, ukwenza, nokwenza intando athe Wazela kuzokuyenza; intando, intando kaThixo ngobomi bomntu.

<sup>66</sup> Kodwa, ingxaki, siyabaleka, sihamba ngaphandle koMyalezo. Sihamba nemfundo yezenkolo. Sihamba nohlobo oluthile lotoliko lwebandla ngeZibhalo.

<sup>67</sup> Sifanele sihambe novuko! “Yiya, xelela abafundi baM ukuba ndiyakwenza umbutho ibandla elitsha”? Hayi, mhlekazi! “Yiya, xelela abafundi baM ukuba Ndivukile ekufeni, njengoko Nditshilo Ndiyakuba njalo.” Lowo nguMyalezo eBandleni ngale ntsasa, wokuba uYesu akafanga. Uyaphila, kwaye nje ngobukhulu namandla namhlanje njengoko Wayekhe wasoloko enjalo.

<sup>68</sup> Sibe nemiyalezo emininzi yezilumkiso, yokulungiselela, UPaul Revere namanye amadoda abalulekileyo, neemfazwe ezinkulu nezaqhwithi, nezinto.

<sup>69</sup> Ngoko, uThixo uthumela uMyalezo wentuthuzelo, nawo. Lona yayinguMyalezo wentuthuzelo.

<sup>70</sup> Ngelinye ixesha eligqithileyo, xana babe nobukhoboka eZantsi, amaBhulu azisa ngapha ukusuka eMzantsi Afrika abemi balapho, esikubiza, namhlanje, “umntu ontsundu.” Baze babazisa ngapha babathengisela amaMerika eMzantsi, ukuba benze amakhoboka kubo.

<sup>71</sup> Uvukelo olukhulu malunga nayo e-Afrika namhlanje, izingwinto, nanjalo njalo, ziyaqhubeka. Balwela inkuleko yabo. Banelungelo lokuyilwela. UThixo wenza umntu; umntu wenza amakhoboka. Ayizange ibe yinjongo.

<sup>72</sup> Kwiminyaka embalwa eyagqithayo, ndandikwisakhiwo sezemidlalo, okanye imyuziyam, gxebe. Ndandijikeleza, ndijonge kwimifanekiso eyahlukeneyo nezinto, kuba ndiyawuncoma umsebenzi wobugcisa. Ndinga uThixo ukumsebenzi wobugcisa. Ndaze ndenyuka, ndaqaphela kwakukho iNegro elidala lendoda, yayindala kakhulu, igobile emagxeni ayo, nje umcwe omncinci wenwele kumva wentloko yayo. Yayithwele umnqwazi wayo. Kwaye yayijikeleza, yaza into ethile *koluya* hlobo, ibhekabheka, ngokungathi yayibukele okanye ikhangela into ethile emyuziyam. Ndema umva ndayibukela ithutyana elincinci.

<sup>73</sup> Kwaze emva kwethuba yeza kwibhokisi ethile encinci phaya. Yaza yajonga kuyo, yothuka, namehlo ayo aqhakaza. Yaxhumela ngasemva ukusuka kwibhokisi umzuzu, yothula isankwanana sayo, yasibamba ngesandla. Ndaza ndayibukela. Kwaye njengoko umdaka waqubuda intloko yakhe, iinyembezi zaqalisa ukuwa ukusuka kwizidlele zakhe. Ndaza ndayibukela ngokumangaliswa, okwethutyana.

<sup>74</sup> Emva koko ndacinga, “Ndiyakufumanisa yintoni umfo omdala awayethatheka malunga nayo.” Ndajikeleza *kweli* cala, kwaye yakhangeleka kum okwelokhwe ilele phaya.

<sup>75</sup> Ndaza ndajonga kuyo imile phaya. Ndaza ndaya ngaphaya, ndathi, “Kunjani, malume?”

Yaze yathi, “Kunjani, mhlekazi.”

<sup>76</sup> Ndaza ndathi, “Ndingumlungiseleli. Bendothukile ukukubona usenza umthandazo kule ndawo.” Ndathi, “Ndiyakukholwa ukuba ungumKristu.”

Yathi, “Ndinguye, mhlekazi.”

Ndaza ndathi, “Yintoni ekwenze uthatheke kangaka?”

<sup>77</sup> Yathi, “Yiza apha.” Ndaza ndahamba kunye nomfo omdala, ngaphaya. Yathi, “Uyayibona la lokhwe?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Yathi, “Uyalibona elachaphaza phaya?”

Ndathi, “Ewe, mhlekazi.”

Yathi, “Beka isandla sakho ecaleni lam.”

Ndathi, “Yintoni la ndawo irhabaxa?”

<sup>78</sup> Yathi, “Ibhanti yobukhoboka yajikela phaya, ngenye imini. Kwaye *eliya* ligazi lika Abraham Lincoln.” Yathi, “Igazi lakhe lasusa ibhanti lobukhoboka kum.” Yathi, “Ingaba oko bekungayi kukwenza uthabatheke, nawe?”

<sup>79</sup> Ndema phaya ndimangalisiwe. Ndacinga, “Ukuba igazi lika Abraham Lincoln liyakuthabathekisa—thabathekisa ikhoboka, ngokususa ibhanti kulo, kufanele ibe yintoni iGazi lika Yesu Kristu eliyenzayo kubantu abanjengo Rosella apha, obelikhoboka kutywala; kum, ndisifa, usizi lodwayinge?” Wasusa ibhanti lesono lobukhoboka entliziyweni yam. Akufanelanga ithabathekise indoda? Akufanelekanga yenze yona izive ngokwahlukileyo? Akufanelekanga ihloniphe xana icinga ngayo? Akunakubona umthi ngaphandleni kokuba uqubude intloko yakho, kunqabile, usazi ukuba uYesu wahlangula ubomi bakho kula Mthi.

<sup>80</sup> Njengoko siqhubeka, umzuzu, kunye namakhoboka, kunye nengcinga yethu. Kwakukho isibhengezo, Isibhengezo Senkululeko, esatyikitywayo, kwaye amakhoboka ayezakukhululeka ngosuku oluthile. Akwazi, owu, ukuba akuzange wahlangana noKristu, akuzange wazi kuthetha ntoni okuya kuwo amakhoboka. Xa wemkayo, umyalezo kumhlaba wonke, wokuba, “Nizakukhululeka ngothile-nto-thile umhla, ekukhanyeni kwemini. Nizakukhululeka. Akusayi kufuneka ninxibe iibhanti zobukhoboka kwakhona, ningasokuze nifumane nakunye ukutywatyushwa kwakhona. Kodwa nikhululekile, kwaye ningabemi bale inkulu i-United States. Anisengawo amakhoboka, emva kokukhanya kwemini gethile-thile intsasa.” Owu, ngokungxama okukhulu alinda.

<sup>81</sup> Ukuba umoni angabona kuphela okuya! Ukuba umoni angeva kuphela iVangeli enyanisileyo! Hayi ukujoyina ibandla, kodwa ukushumayela iVangeli, yokuba ungakhululeka esonweni, okokuba ungakhululeka kukugula kwakho. “Ngelithile-thile ixesha,” elo lixesha othi ukholwe.

<sup>82</sup> Niyazi, loo makhoboka ayethabatheke kakhulu kwaye ephantsi kokunjalo ukungxama, elindele iyure ayakukhululeka ngayo, kude, bayandixelela, ukuba bahlangana emazantsi enduli, oomama kunye nabantwana abancinci, bonke bahlangana, kunye nabanye abadala. Baze bakhwela benyukela kwinkcochoyi yenduli, malunga nombindi wobusuku. Babesazi xana imini iqhekeka kunye nelanga liphuma, okokuba bayakukhululeka. Ayiyikuthabatha nesiqingatha somzuzu ukukhanya kwelanga enkcochoyini yenduli, kodwa abanye babo babephezulu kwinkcochoyi yenduli, begadile, begadile. “Owu, xana ilanga liphuma, sikhululekile.” Lowo yayingu s-on nyana . . . okanye, s-u-n langa.

<sup>83</sup> Kodwa xana uS-o-n nyana ephuma ngenye yalemihla! Kwaye xana u S-o-n nyana waphuma ishumi elinesithoba leminyaka eyagqithayo, Wophula yonke ibhanti yobukhoboka, Wakhulula wonke umbanjwa, Waphilisa sonke isigulo, Wanika inkululeko kwabo basekukhonxweni. Indlela ekufanele sikhwele siqaphela!

<sup>84</sup> Kwaye xana ilanga livela, kuqala, indoda yayiphezulu kakhulu, yalibona, yaza yakhwazela ezantsi kwindoda elandelayo, “Sikhululekile!” Yaze indoda elandelayo yakhwazela kwindoda emgama ezantsi endulini, “Sikhululekile!” Yade yeza eminqubeni, “Sikhululekile!” Kuba, ilanga laliphuma, babelindile, belindile, belindele la yure.

<sup>85</sup> Kungakanani ngaphezulu sifanele silindele, namhlanje, uS-o-n nyana kaThixo. Sikhululekile kwisono. Sikhululekile kumakhamandela. Sikhululekile kwimikhwa. Sikhululekile ekutshayeni, ekuseleni, iimbutho zolonwabo, ngokuba uS-o-n nyana kaThixo uvukile engwabeni kwaye wophula wonke umxokelelwano. Konke ukugwetywa kumkile! Ityala lihlawulwe. Isohlwayo sihlawulwe. Izono zihlanjiwe, kwaye sikhululekile. Owu, sikhululekile, bantu! Ubukhoboka? Inkululeko, xana uNyana kaThixo evuka nempiliso emaphikweni Akhe!

<sup>86</sup> Ngenye imini Uyakuvuka esuka eTroneni, abuyele emva emhlabeni. Kwaye ngoko siyakukhululeka kuzo zonke iintlungu nazo zonke izilingo, kuzo zonke intlungu ezinokufa nantoni ehamba nobomi obunokufa, siphile kunye naYe naphakade. Siyakukhululeka. “Yiya, xela,” leyo yinto yokwenziwa.

<sup>87</sup> Kumaxesha eBhayibhile, kwakukho unyaka wombhiyozo. Abantu ababethengisiwe ngenxa yamatyala ababewabamba. Babetyala ityala kwaye bengenakho ukulihlawula, ke baya bazithengisa ebantwini, ukuba babe ngamakhoboka. Kwaye kwakufuneka babe ngamakhoboka abo, ikhoboka labo, bonke ubomi babo. Kodwa, qho kwakusoloko, kwakubakho usuku lobabalo, okwakusaziwa unyaka wombhiyozo. Kwaye xa unyaka wombhiyozo ufikile, kuze kuye umbingeleli akhalise ixilongo. Kwaye ixilongo lichaza kulo lonke ikhoboka, akukhathaliseki kukudala kangakanani belikhonza kwaye kukangakanani elifanele likhonze, xana elaxilongo likhala, ela khoboka lalikhululwa. Lalinokubeka phantsi igaba ligokude liye kubantwana balo. Kwakungafuneki lisebenze kwakhona, ngokuba lalikhululekile xana umbhiyozo uvakalisiwe. Ela xilongo alinikanga sandi singacacanga, kodwa linike isandi esicacileyo. Kwaye indoda ingabeka phantsi isixhobo sayo, igoduke ikhululekile kubukhoboka.

<sup>88</sup> Ngale ntsasa, iBhayibhile ithe, “kwaye ukuba ixilongo linika isandi esingacacanga, ngubani oyakuyazi makenze ntoni?” Ukuba iBhayibhile ishumayele ukuba uYesu Kristu uvukile



ekufeni, Nguye izolo, namhlanje naphakade, kwaye amaxilongo esiwavayo evakele namhlanje esithi, “imihla yemimangaliso yedlula, akukho nto injalo njengempiliso eNgcwele,” ngubani oyakuyazi azilungiselele njani?

<sup>89</sup> Esikudingayo namhlanje ngabathanjisiweyo abathunywa abavela kuThixo! “Uvukile ekufeni! Nguye izolo, namhlanje naphakade!” Lowo nguMyalezo wosuku.

<sup>90</sup> Owu, kube kukho imiyalezo emikhulu, kodwa iPasika iyithwese yonke! Imiyalezo emikhulu; IPasika yayiyiyo yonke! Xana ukufa...kwenziwa amalungiselelo okuba utshaba lokugqibela...Sikubonile ukugula kuphiliswa kwiTestamente Endala. Siyibonile imimangaliso isenziwe kwiTestamente Endala. Kube kukho imibono isiza kwiTestamente Endala. Kodwa wonke umntu waya ngqo engcwabeni, emangala ukuba yakuvuka kwakhona. Kodwa ngentsasa yePasika, xana aba bafundi bafumana owona Myalezo mkhulu awathi nawuphi umntu wakhe wawufumana, bafumana ntoni? “Yiya, xelela abafundi bam, ndivukile ekufeni!” Ukufa koyisiwe!

<sup>91</sup> Akuzange kubekho mntu emhlabeni, akukho mprofeti, akukho ndoda ibalulekileyo, akukho mntu ungcwele onokoyisa...Babenakho ukweyisa ukugula ngoMoya kaThixo. Babenakho ukweyisa ixesha, ngoMoya kaThixo, baze babone izinto ezazisiza. Babenakho ukweyisa oko. Kodwa zange kubekho ndoda ethanjiswa kunye nenjalo intambiso evela kuThixo, eyayinokwenza le ntetho, “Ndingabeka ubomi baM phantsi, Ndiyakubuthabatha kwakhona. Wudilizeni lo mzimba, ndiyakuwuvusa ngosuku lwesithathu.” Akuzange kubekho ndoda enokwenza intetho enjeya. Yayimangalisa ezintliziyweni zabo, okokuba oku kuyakuba yinyaniso okanye hayi.

<sup>92</sup> Kodwa ngentsasa yePasika, bafumana uMyalezo, “Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayela iVangeli kuyo yonke indalo. Ndivukile ekufeni. Yabonani, ndinani okokoko, kude kuphele ihlabathi. Lowo ukholwayo aze abhaptizwe uyakusindiswa, lowo ungakholwayo uyakugwetywa. Kwaye lemiqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo: eGamini laM bayakukhupha iidemoni; bayakuthetha ngeelwimi ezintsha; ukuba babamba iinyoka okanye basela izinto ezibulalayo, ayiyi kubenzakalisa; ukuba babeka izandla zabo kwabagulayo, bayakuphiliswa.” *UMyalezo WePasika*, ngomnye weyona ibalaseleyo imiyalezo ekhoyo. Ukufa koyisiwe!

<sup>93</sup> Sicinga ngomeyisi. uNapoleon, kubudala bamashumi amathathu anesithathu, woyisa ihlabathi. Woyisa ihlabathi, watywyatyuSHA sonke isizwe esasikho ukuba sitywyatyhushwe. Kwaye wadakumbiswa kakhulu ngokuba kwakungekho mntu wumbi wokuba alwe naye, wahlala phantsi walila. Kwakungekho mntu wumbi wokuba alwe naye, kodwa wadlala imigaqo yomdlala ngokungalunganga. Amashumi

amawaka amahenyu alandela umkhosi wakhe, wahamba nompu kunye nekrele. Kubudala bamashumi amathathu anesithathu, woyisa ihlabathi. Kodwa wayekhe waba ngumthinteli, waze wafa elinxila ngamandla, ngokuba wadlala imigaqo yomdlalo ngokungalinganga. Walibala umyalezo. Waye oyisile, kodwa wayelibele umyalezo. Wahamba, kodwa walibala oko wayehambela kona.

<sup>94</sup> Njengenkwenkwe encinci eyabaleka ugqatso, njengebandla libaleka namhlanje, njengabantu ababalekayo, njengesizwe esibalekayo! Igwiba lethu ayizoziqhushumbisi ze atom, igwiba lethu nguYesu Kristu novuko Lwakhe.

<sup>95</sup> UNapoleon walibala eyona nto. Kwenzeka ntoni kuye? Wafa oyiswe ngokupheleleyo, isidenge senxila. Kutheni? Akazange adlale umdlalo kakuhle, nakubeni waye eloyisile ihlabathi, ngokubonakalayo. Wayewulungisile umkhosi. Wayengucwepheshe womkhosi, wathabatha sonke isizwe waze wenza izinto (ukuba yena) ukuba kungabikho mntu owakhe wenza okanye wayenza, njengaye, kodwa wayelibele owawunguwo owona myalezo. Wayewuthathile, waze wafumana amandla akhe omkhosi, kodwa walibala amandla eNkosi.

<sup>96</sup> Amandla eNkosi yintuthuzelo yethu. Asinamandla angawambi. Akukho gwiba lingelinye endinalo, nalinye! Thixo yiba nenceba! Thabatha ubomi bam, kodwa ungaze undenze ndilibale apho asuka khona amandla am. Asuka kwiNkosi! Andifuni zinto zintle zehlabathi. Ndifuna uYesu, ndifuna uvuko Lwakhe luvuthe ebomini bam.

<sup>97</sup> Okunjani ukwahluka okwakukuko kuYesu Kristu kumashumi amathathu anesithathu! Kubudala bamashumi amathathu anesithathu, uYesu wayenento yonke; Wenza ihlabathi. Kwaye Wayesehlabathini, kwaye ihlabathi alimazanga Yena. Akazange Azenzele dumo. Akazange ahlanganise amadoda omkhosi. Akazange waqokelela nawaphi amabandla. Akazange wezenzela gama likhulu Yena. Akazange eze nangasiphi isidanga sokuzigwagisa semfundiso, imfundo ngezenkolo, nanjalo njalo, zange kubekho ngxelo ibhaliweyo Yakhe yokuba wakhe waya nakwesiphi isikolo semfundo ngezenkolo. Kodwa WayenoThixo. WayenoThixo. Kubudala bamashumi amathathu anesithathu, Waye oyise lonke idimoni elatyhalela intloko yalo ngaphandle esihogweni. Woyisa isigulo. Woyisa iinkolelo. Woyisa amademoni. Wayekoyisile ukufa. Kwaye xana Wafaya eMnqamlezweni, Wehlela kumhadi wesihogo wobunzulu obungenasiphelo, waza woyisa isihogo.

<sup>98</sup> Kwaze ngentsasa yePasika Woyisa ingcwaba. Kutheni? Wadlala imigaqo yomdlalo kakuhle, wabaleka noMyalezo. Wayekho, Akekho! “Yiya.” UThixo waMthumela, kwaye WayenoMayalezo wokubaxelela. Kwaye kunye noMyalezo athe uThixo waMnika wona, Woyisa amandla kaSathana. Woyisa

ukugula. Woyisa ukufa. Woyisa isihogo. Woyisa ingcwaba. Kutheni? Wemka! “Yiya, xela!” “Ndisoloko ndisenza oko uBawo waM Andibonise ukuba ndikwenze. Andenzi nanye into kuphela koko Andixelela ukuba Ndikwenze.”

<sup>99</sup> Ngoko phambi kokuba Afe, Watsho oku, “Kwanjengokuba uBawo waNdithumayo, naM ndithuma nina.” hayi ukwakha amadoda ngamandla omkhosi; hayi ukubeka lonke ixesha lakho ekubeni ngubani oyakuba nguMongameli. Oko kungabaluleka, kodwa akubalulekanga kOku. Ihlabathi liphelile. SinoMyalezo omnye, wokuba, uYesu Kristu wavuka ekufeni, kwaye Usenguye izolo, namhlanje, naphakade.

<sup>100</sup> Izolo, kwigumbi elincinci lasenkundleni, babezama ukundenza nditsho into ethile eyayingalunganga. Ndathi, “Andingomgulukudu.” Ndathi, “Ndi—ndi—ndithembekile. Kwaye aninakutsho ngakumbi kuphela oko kuyinyaniso.”

<sup>101</sup> Yaza indoda ethile eyayinam, yathi, “Ukuba indoda iyakuthetha nam ngolwahlobo, ndiyakuziva ngathi ndingagibisela incwadi kuyo.”

<sup>102</sup> Ndathi, “Hayi, mhlekazi. Hayi, ayilunganga lonto. Asiyondlela yokuya ngayo kuyo. Ayilunganga.”

<sup>103</sup> Yathi, “Ke, kutheni ungazazi ezi zinto ziyaqhubeka? Kutheni ungekho phandle phaya usenza oku?”

Ndathi, “Ndichithe ixesha lam ndikhonza uYesu Kristu.”

<sup>104</sup> Owu Thixo, owu, abantu bamfamekile kwaye abanakho ukubona! “NjengoBawo eNdithumile,” uBawo uthume Yena, Waya. WayenoMyalezo wokuxelela abantu. Kwaye kwiyure yokufa, Woyisa ukufa kwaye Woyisa isihogo, kwaye Woyisa ingcwaba. “Njengoko uBawo eNdithumile kunye noMyalezo, Ndithumela nina kunye noMyalezo; hayi ukwakha amabandla, imibutho, kodwa hambani niye kulo lonke ihlabathi nibonakalise aMandla kaMoya oyiNgcwele. Le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo; eGameni Lam bayakukhupha iidemoni, bathethe ngeelwimi, babambe iinyoka.” Kwaye njengoko imizimba yethu isiya engcwabeni, njengoko wenzayo Yena, Woyisa zombini ukufa, isihogo, kunye nengcwaba. UnguMeyisi onamandla.

<sup>105</sup> Usithumele noMyalezo Wakhe. Masihambe noMyalezo, siye nento yokuxela. Yiya, xela! Hayi baleka uze emva koko ungabinakho ukuxela; kuqala masiyifumane entliziyweni yethu.

<sup>106</sup> Xana unyukela apha ukuba uthandazelwe, ngale ntsasa, sukuza ngendlela yokubhuzuzela. Yiza noMyalezo entliziyweni yakho, “NdinguLowo ebefile, kwaye uyaphila kwakhona. NdinguLowo Onika uMyalezo, ‘le miqondiso iyakulandelelana nabo bakholwayo.’ Ukuba uThixo uSomandla angathabatha o—oluncinci olujijeke amehlo usana aze aguqule ukubona

kwalo kulunge; UThixo angathabatha usana, u, usana oluyinkwenkwe luzelwe, zange ibone ebomini bayo, kwaye ishumi elinesithandathu leminyaka ubudala, wabuyisela ukubona kwayo kuyo; UThixo angathabatha udwayinge lomntu otyiwe ngumhlaza . . .

<sup>107</sup> Kwaye ngokuba uMyalezo ulungile, ngokuba uThixo uthumele uMyalezo, ngokuba uThixo uthumele umthunywa, akukho ntandabuzo ukuba wonke umpu wesihogo uyakube udubula kuye. Injalo lonto, uyakukhubeka awe, aze aphakame ahlukuzelise intlolo yakhe, aqhubeke. SinoMyalezo, akukho nto izakuWuthintela! Haleluya! “Phezu kweli lwalwa Ndiyakulakha iBandla laM, namasango esihogo akasayi kuleyisa Lona.” Bangatsho oko abakufuna ukutsho, benze abafuna ukukwenza, umtyholi angabhavumla abhombolozelwe. Kodwa uYesu uvukile kwabafileyo, Uyaphila namhlanje kuthi!

<sup>108</sup> Kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, ndithetha nobalulekileyo uGqirha Lamsa, owaguqulela iBhayibhile ukusuka kwi Aramaic, ukuya kwisiNgesi. Kwaye ndabona lamqondiso omncinci, umqondiso kaThixo khona phaya, kunye namachaphaza amathathu amancinci kuwo. Ndathi “Gqirha Lamsa, yintoni leya?”

Wathi, “NguThixo, kunye nezibonakaliso ezintathu.”

<sup>109</sup> Ndaza ndathi, “Uthetha, uThixo ehlala kwizikhundla ezintathu, njengo, Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele?”

<sup>110</sup> Waphakama waza wajonga, iinyembezi zaphuma kulamehlo alamYuda, wathi, “Uyakukholelwa oko, Mzalwana uBranham?”

Ndathi, “Ngako konke okusentliziyweni yam.”

<sup>111</sup> Walahlela iingalo zakhe wandiwola, wathi, “Ndamangalana xana ndabona phaya izinto ezinkulu ziphuma, kunye nemiqondiso owawuyenza.” Watsho ukuba, “Bandixelela ukuba wawungumprofeti. Ndandingayikholelwa, de kube ngoku. Ngoku ndiyazi ungueye.” Wathi, “Yilonto! Lowo nguMyalezo. Leyo yinto eyakudlikidla ubuKumkani bukaThixo.” Ehe. Wathi, “Ngenye imini uyakuyifela yona, nkwenkwe.” Wathi, “Uyakutywina ubungqina bakho kwa ngayo lanto.”

<sup>112</sup> Enye yamadoda abaluleke kakhulu esinawo, xana u-Eisenhower namadoda abalulekileyo ehlabathi, iHollywood, zonke iintlobo zabadumileyo abadlali-bhanyabhanya nayo yonke into ibiza yena, kodwa waxhwarha kanye phaya emhlanganweni. Wathi, “Ndibe ndinamashumi amathathu anento eminyaka, ndisenza lenguqulelo, hayi ukusuka kwisiGrike saseVatican, kodwa ukusuka kwisi Aramaic; kanye ngqo ngokusuka phaya, kwisi Aramaic, ukuya kwisiNgesi.” Waza wathi, “Ndichithe lonke elaxesha,” wathi, “ngoku ndisandula ukuya kungena kwindawo apho ndibone uThixo weBhayibhile, enyakama.” Wathi, “Uyazi, Mzalwana uBranham, singanakho ukubona imiqondiso nezimanga, kodwa sithelekisa

leliph iZwi umqondiso onalo. Thina maYuda, sibona umqondiso, kodwa siqaphela iZwi lomqondiso.”

113 Owu, Haleluya, iZwi lomqondiso! UThixo waxelela uMoses, “Ukuba abasayi kuliva iZwi, iZwi lowokuqala umqondiso, ngoko ke bayakuliva iZwi lowesibini umqondiso.” Hayi kangako umqondiso, kodwa iZwi eliphuma nawo.

114 Yabona, lamYuda, wayekwazi athetha malunga nako. Wathi, “Ndizibonile izicalulo, ndiyibonile imiqondiso, izimanga, imfama ziphiliswa, nazo zonke iintlobo zemiqondiso eyahlukileyo, kodwa ndimangalisiwe, kodwa ngoku ndibona iZwi emva kwayo akunakunqona uThixo abe ngamasuntsu amathathu, uze uThi, ‘UnguThixo omnye, uYise, kuze okulandelayo, uNyana, . . .’ Wathi, ‘UThixo nguThixo: izibonakaliso ezintathu zikaThixo; izikhundla ezithathu zikaThixo.’” Wathi, “Oku kuyayingqina.”

115 Owu, mzalwana, sinoMyalezo! “Yiya, xelela abafundi baM! Andinguye *lowo* wafayo, kwaye *omnye* usondele kancinci ekufeni, aze *omnye* abe uyaphila. NdinguLowo Wayekho, Okhoyo, OyaKuzo; iNgcambu nenzala kaDavide; IKhwezi eliQaqambileyo Lokusa.” Ewe!

116 Yintoni elungileyo ekwenzayo ukuya, okukwenzayo ukuya, ukuba akunanto yokuxela? Unento yokuxela, injalo lonto: “UYesu Kristu, uNyana kaThixo, uyanithanda nonke. Wanifela nonke. Mthandeni uYesu Kristu uNyana kaThixo.”

117 Bangaphi abakhe baba semihlanganweni, baze babona imiqondiso emikhulu nezimanga zokubonakala Kwakhe—Kwakhe, kwendlela acalula ngayo aze abonakalise, nezinto? Lowo nguThixo weZulu, Ovukileyo ekufeni.

118 Kufanele nibone umqondiso womqondiso wesiHebhere waYo. UkukuKhanya, njengeNtsika yoMlilo, kwaye phaya zizivana ezincinci ezintathu, Yise, Nyana, noMoya oyiNgcwele, ntoleyo eyayingengobantu abathathu. YayinguThixo omnye ephila kwizikhundla ezintathu. UThixo omnye! Haleluya! UThixo ngasentla kwenu, uThixo enani, uThixo engaphakathi kwenu. Okwamnye Ezehlisela, ecoca iBandla Lakhe, ukuze Aphile. Xana umnqunqa abe zizijungqa, uze ubeke esinye *apha*, nesinye *ngaphaya*, esinye *phaya*, lunqulo zithixo njengokuba lunjalo.

119 Ndiyalukholelwa uvuko lukaYesu Kristu, evuswe ekufeni. Kwaye waye ekuphela koMntu owayenokutsho okuya, “Onke amandla eMazulwini nasemhlabeni anikelwe esandleni saM. Onke amandla asemazulwini nasemhlabeni anikelwe esandleni saM. Hambani niye kulo lonke ihlabathi, nishumayeke iVangeli kuyo yonke indalo.” IVangeli ayizanga ngelizwi lodwa, kodwa ngamandla nezibonakalaliso zoMoya oyiNgcwele. UThixo anceda nikholelwa oko, uThixo andinceda ndikholelwe oko, kwaye siyakumbona uYesu ngenye imini.

Xa ukubulaleka kobu bomi kugqithile,  
 Siyakumbona uYesu ekugqibeleni;  
 KwiTrone Yakhe entle,  
 Uyakundamkelela eKhaya,  
 Emveni kokuba imini iphelile. (Injalo lonto.)

Iintlabathi ihlanjiwe kwimizila yeenyawo  
 Zalowa Wasemzini kunxweme laseGalili.

<sup>120</sup> BaMbulala ngokuba Wazenza Yena uThixo, kwaye WayenguThixo. BaMxhoma, ngokuba, Wafa phantsi kwesohlwayo sokufa. Eso sisizathu endingakholelwayo kwisohlwayo sokufa. UYesu wafa phantsi kwe—kwesohlwayo sokufa esiphuma kurhulumente womanyano lwaseRoma. Isohlwayo sokufa, yayi, kukuxhonywa emnqamlezweni. Wafa phantsi kwesohlwayo sokufa, wahlutywa iingubo Zakhe kuYe, wajinga phaya, baMhlaza, kwaye Wafa kula meko. Kodwa uThixo waMvusa ngosuku lwesithathu!

<sup>121</sup> Kwaye singamangqina Akhe. Kwaye ukuba asiMmeli, ngubani ozakuMmela?

<sup>122</sup> Indoda ihlangene nam ngenye imini, yathi, “Owu, Mzalwana uBranham, sukuxela. Yeka ukuxela. U—uzivisa kabuhlungu imvakalelo zabafazi, malunga nabo benenwele ezimfutshane, namalunga nabo besenza *oku* besenza *nokuya*, nanjalo njalo ngolwa hlobo.”

<sup>123</sup> Ndathi, “Ukuba andibaxeleli, ngubani ozakubaxelela? Ngubani ozakuyixela?”

Wathi, “Ke, wenza abobashumayeli bacaphuke.”

<sup>124</sup> Ndikhetha ukubenza bacaphuke kum, kunaYe. YiNyaniso. Injalo lonto! [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Injalo. Ngubani ozakubaxelela? Umntu othile ufanele ayixele.

<sup>125</sup> Wathi uYesu, “Yiya, uxele. Yiya kwaye uxele, xelela abafundi baM ukuba Ndivukile ekufeni. [Indawo engenanto eteyiphini—Mhl.] Bonani, Ndinani okoko, kude kube sekupheleni kwehlabathi.”

<sup>126</sup> Niyakukholelwa oko, zihlobo?

Masithandazeni, njengoko siqubuda iintloko zethu ngoku ukwenzela umthandazo.

<sup>127</sup> Owu Bawo Thixo! Ngokunyanisekileyo, “Yiya, xela. Yiya, xelela abafundi baM ukuba Ndivukile ekufeni.” Kwaye Bawo Thixo, hayi kuphela kokuba Ubaxelele abafundi Bakho, kodwa Ubonakalisile kubo Wawuvusiwe ekufeni. Uzibonakalisile Wena kunye nabo, waze wenza kanye ngqo ngendlela owenza ngayo ngaphambi kokuba Ufe. Ishumi elinesithoba lamakhulu eminyaka lizile lagqitha, Nkosi, uMyalezo usavutha. Usakhanya kwaye uvutha ezintliziyweni zethu namhlanje njengoko kwakunjalo kubafundi, kuba sibona iNkosi evukileyo phakathi

kwethu, isenza izinto eyazenzayo Yona ngaphambili. Siyazi ukuba Yena uvukile kwabafileyo.

<sup>128</sup> IPasika ithetha lukhulu kuthi, ngokuba sizibandakanyile kwaye sonwabele ubudlelwana bovuko Lwakhe. Kuba sasifile esonweni nasezigqithweni, njengonyana wolahleko, kodwa ngoku sifumene ubabalo, kwaye uThixo usixolele izono zethu. Usinikile kananjalo iTywina, njengoko Wenzayo kuBawo u-Abraham, ukungqina ukuba Usamkele. UBawo u-Abraham wathi wamkholelwa uThixo, kodwa Wamnika itywina lolwaluko njengesiqinisekiso sokuba wamkholelwa Yena. Kwaye ngoku, Bawo, namhlanje salusiwe ngoMoya oyiNgcwele, zonke izinto zehlabathi zigqithile. Sinenjongo enye: ukukhonza Wena. Sinomnqweno omnye: ukuthanda Wena, sibe ngabafundi Bakho.

<sup>129</sup> Kwaye ngoku, Nkosi, ndiyathandaza ukuba Uyakuqinisekisa lona mncinci waphukileyo umyalezo kuyo yonke intliziyo. Benze bangawuphosi. Benze babone ukuba Wena usenguye izolo, namhlanje, naphakade, ukuba Ulapha, uvukile ekufeni, kwaye uyakubakho ude u—uMoya nomzimba bahlangane kwakhona eKuzeni kweSibini.

<sup>130</sup> Ndithandazela abagulayo abalapha, Bawo, ngale ntsasa. Ndiye ngoku, kule ntsasa yePasika, ndabeka ecaleni (okanye, hayi ukubeka ecaleni, kodwa nje ndabeka ithutyana lexesha) izipho othe Wandinika zona, njengokucalula. Ihlabathi, ndibe ndisemva naphambili ukunqumla izizwe, Nkosi, bayayazi bonke. Ngoku ndiyathandaza, ukuba uMyalezo othe Wena wandinika wona phezulu apha emahlathini, okokuba, kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo, okokuba, kulamandla okudala kuhleli kweli bandla ngale ntsasa, kwa abo bantu ebedalwe kubo, Ndiyathandaza, Thixo, njengoko ndisiza kubeka izandla zam kwabagulayo ngale ntsasa, kunye nabazalwana bam apha, ukuba Uyakuwela kweli bandla ngale ntsasa, ngenceba, nokokuba Uyakuphilisa abantu, okokuba akuyi kubakho mntu utyafileyo phakathi kwethu xana inkonzo iphelile. Wanga wonke ubani angasikeleleka kwaye aphiliswe.

<sup>131</sup> Siyaqonda, Nkosi, asiyonto sinokuyisebenza ngokwethu. Lukholo olulula lomntwana, ukukholwa. Singababona abafundi emveni kokuba benikwe amandla okuphilisa abagulayo, baphuma kwaye boyiswa kwingxaki yesathuthwane; bekhwaza bekhala, mhlawumbi, nokuxhumaxhuma, kwaye bezama ukwenza elademoni limke. Kodwa xana lahlanguana noYesu, owu, okunjani ukwahluka. Wathi, “Wena moya ongcolileyo, phuma kuye.” Onjani umahluko. Owu, wayazi ukuba lowa yayingengompostile. YayiyiNkosi Ngokwayo. Kwaye umoya wakrazula inkwenkwe wayilahla phantsi. Kodwa uYesu wathi, “Ayifanga. Yiphakamiseni nje nize niyinike ukutya.” Umoya ongcolileyo wawumkile.

<sup>132</sup> Owu Yesu, Wena Nyana kaThixo, yiza kwakhona, thambisa iBandla Lakho ngokukhululekileyo, ngokugcweleyo, ngamandla. Wanga uMoya wophilayo novukileyo uYesu angavusela eli lincinci ibandla ngale ntsasa kukholo olutsha, amandla, amandla okholo, ukuze sibenokubeka wonke onephike kwihlazo. Siphe oko, Nkosi. Ndinikela bonke aba bantu kuWe, ndicela ukuba Ubasikelele kwaye ubanike usindiso ezintliziyweni zabo, impiliso emizimbeni yabo, ngoYesu Kristu iNkosi yethu.

<sup>133</sup> Kwaye kunye neentloko zethu ziqutyudiwe, ndizakubuza umbuzo. Ingaba ukhona umntu othile apha ongengomKristu, ongathanda ukukhunjulwa ngoku, aze athi, “Ndithandazele, Mzalwana uBranham”? UThixo akusikelele apha. Omnye umntu othile, “AndingomKristu. Ndizivile iindaba zokuba uYesu wavuka ekufeni, kodwa ngenene andiyazi. Akazange avuke entliziyweni yam. Andinakwanaliseka. Ndiyagula, kananjalo. Ndiyakuya ngomgca wokuthandazelwa, ndibuyele emva ndize ndiye ngomnye, ndibuyele emva ndize ndiye ngomnye. Ndiyakuya ukusuka kwibandla ukuya kwibandla, nendawo ukuya kwindawo.” Asiyiyo. Kukukholelwa Yena. Wavuka ekufeni. Oko kwayigqiba. Omnye ngomnye oyakuphakamisa isandla sakho? Athi. . . UThixo akusikelele. UThixo akusikelele. Omnye ngomnye, “Ndifuna ukukholwa. Ndifuna ukukholwa”?

<sup>134</sup> Bangaphi abagulayo apha, phakamisa isandla sakho, uthi, “Ndifuna ukukholwa. Ndifuna ukwazi uMyalezo ngale ntsasa.” UThixo akusikelele. Intle lonto. Ewe, uThixo akusikelele, nyana. Kuhle. Kulungile.

<sup>135</sup> Ngoku, Teddy, ndifuna udlale “*Inyangi Enkulu*,” nje umzuzu, ukuba uyakuyenza, “ngoku ikufuphi.” Kwaye ngelixa nisenza oko. . .

<sup>136</sup> Oko kunzima kanye ngoku. Imibono iyaqhekeka kuso sonke isakhiwo, yabona. Ehe, ndiyazama, bendizama ukwenza oku kube luvuko, ukuba phezulwana, ukuba phezulwana ukusuka kwi—ukusuka kwinqumba yothuthu endihleli kuyo. Ndifuna okuninzana kwesityhilelo. Ndiyayazi into enye; okoko ndibambelele olwa lungiselelo lokuqala, olwesibini aluyi kuza, aluzanga. Ngoku oko nje ndisabambelele kolwesibini, olwesithathu alusayi kuza, yabona. Kufanele ndiphumele ngaphandle, ndiphumele ngaphandle kwaye ndiyikholwe, “UThixo utsho njalo!” Kwiintsuku ezimbalwa ezigqithileyo. . .

<sup>137</sup> Ngoku ningaphakamisa iintloko zenu ngoku ukuba niyathanda ukuyenza. Ndizifumene izandla zenu; uThixo uzufumene.

<sup>138</sup> Ndifuna ukunixeleva into encinci ethile. UMzalwana u-Ed Daulton, ndiyakholwa usandula kungena nje ngomnyango, olungileyo umzalwana womBhaptizi, yena nenkosikazi yakhe. UMzalwana uJeffries ulapha ndaweni ithile. U-Othel



Jeffries. Kwaye ulapha, ndiyayazi ulapha ndaweni ithile. Nakanjalo, bona abobazalwana bandenzele intlanganiso yokuya, ezantsi eKentucky. Abazalwana, abaxabisekileyo abazalwana, bathanda abamelwana babo kunye nabantu. Baneholo lezemidlalo kunye nesakhiwo sezixhobo nezinto, nje ukwenzela inkonzo yobusuku obunye, baqeshe isakhiwo sezixhobo. Omncinci uJ. T. Hoover, nokuba yintoni elakhe. . . L. G. Hoover wenze enye ezantsi e-Elizabethtown. Kunye noMzalwana u-Ed Daulton ngaphaya eWillow Shade okanye—okanye Somerset, Somerset. Kunye nomzalwana, omnye umzalwana wayesezantsi eGlasgow, apho ndazalelwa khona. Abantu phaya apho ndazalelwa ndakhulela khona, apho iNgelosi yeNkosi yabonakala okokuqala kum.

<sup>139</sup> Kwaye bendifuna ukubuyela emva. Kodwa ndive ukukrweywa kancinci. Ndaza ndathi, “Kulungile, ukwenzela abazalwana, ndiyakwenza umhlangano.” Kwamsinya ndifika kulentlambo, umqala wam wavaleka kwaye andithethanga okwentsuku ezilithoba, de imihlangano yagqitha.

<sup>140</sup> UMzalwana uRuddell, angaba ulapha ngale ntsasa, naye, omnye wabazalwana osuka kulo mnquba, yena noJunie Jackson nabo, ndandifanele ndimenzele umhlangano. Kwaye ngoko nangoko, umqala wam wavaleka nje. Kwaye into yokuqala niyayazi, ndaba nomkhuhlane wamalunga nekhulu elinesihlanu. Kwaye ndandisiya emhlanganweni, kuqala, waze—waze uGqirha Schoen wathi kum. . . Ndathi, “Umqala wam uyatshofoza.”

<sup>141</sup> Wathi, “Ndiyakunika into yokukhulula amarhini, kwaye uqhubeke ushumayele.” ndaza ndathabatha into enye andinike yona, kwaye, into eyayiyiyo, yatsala amarhananana yaza yawavala. Ndaza emva koko ndangqengqa ebhedini iintsuku ezilithoba, kunye nje nobushushu obuphezulu bomkhuhlane.

<sup>142</sup> Abaninzi babazalwana bam apha baza kum, abaninzi abadumileyo abazalwana baza bandithandazela. Naku kusiza uMzalwana uGraham Snelling, apha kuza uMzalwana uRuddell, bonke aba bazalwana apha, bonke bahlangana, bethandaza kunye nento yonke engenye. Mna ndithandaza, ndizama okwam okungcono, ndingenakho nkqu nokusebeza. ndamangala, “Yintoni emalunga nayo?” Owam othandekayo omncinci unkosikazi ehleli phaya, yena kunye nabo bendithandazela, ndaqhubeka nje ndihleli ngahlobo lunye. Babengenakho ukuyiqonda.

<sup>143</sup> Ngoku, undinike iyeza elithile lokuba ndilithathe, kodwa andilithathanga, ngokuba yayisisiyobisi. Ndaza ngoko ndayiyeka yahamba. Ndaza nje ndaqhubeka ndicinga, “Nkosi, ngokuqinisekileyo!”

<sup>144</sup> Kuze emva koko, emva kwemihlangano yayiphelile, ngoMvulo (yayi, umhlangano wokugqibela, wawufanele ukuba

ngoMgqibelo), kwaye emva koko (ndiyakholwa), kwaye emva koko, ngoMvulo ndazama ukuphakama. Ndandityhafe kakhulu, ndandingenakho ukuhamba egumbini. Ndahlala phantsi.

<sup>145</sup> Niyazi, ndinombulelo ngonkosikazi endimnikwe nguThixo. Aninjalo, bazalwana? Unkosikazi wenene, iqabane lenene!

<sup>146</sup> Ndahlala phantsi. Ndawangazelisa kuye, ndaza ndamenza wasondela kum. Ndaza ndathi, “Meda, ngamanye amaxesha ndiyamangala,” ndathi, “Ndiyamangala, yintoni ingxaki.” Ndathi, “Kutheni yona imihlangano iyakuba phaya, aze uThixo andiyeke ndilale ngoluhlobo?” Ndathi, “Kutheni yayiyiyo?” Ndathi, “Ngamanye amaxesha ndiyamangala kwa ukuba Undibizile.”

<sup>147</sup> Wathi, “Akunantloni ngesiqu sakho?” Yabona? Waze wandixelela, wathi, “Bill, akuyazi ukuba uThixo uyakwazi Akwenzayo ngawe? Zola nje, nje.”

<sup>148</sup> Ke ndaza ndangena. Okuya ngahlobo kwandohlwaya kancinci, niyazi. Ke ndangena ndangqengqa phantsi ebhedini. Weza ukuza kutshintsha amashiti. Kwaye wayene—nezinto engalweni yakhe, kwaye xa waqalisayo ukuphuma, ndajonga, kwaye kwakukho i . . .

<sup>149</sup> Ndibona enda- . . . esikhulu isakhiwo sezixhobo, elathi ilanga lakhanyisela ezantsi laqhushumbela emhlabeni, layiqhushumbisa yazingceba, ilanga likhanyisa ezantsi lisuka eZulwini. Kwaye nako kusiza abafazi abathathu kunye nendoda, beza. Kwaye babenemincinci, nje ngemincinci . . . uhlobo oluthile lwemipu emincinci edubulayo, hlobo. Waze wathi, “Oku kutyhala izikhonkwane.” Ndaza ndathi, “Siya . . . Bamba ezingceba, Mzalwana uBranham, kwaye siyakukwakhela esisakhiwo sezixhobo sisibuyisele.”

Ndaza ndathi, “Kulungile, ndiyakukwenza oko.”

<sup>150</sup> Kodwa into ethile yathi, “Sukuyenza.” Ke, ndehla ukuya kufumana iceba, *ngolu* hlobo, ukuba ndiyakhe *ngolu* hlobo. Kwaze nje emva koko iZwi lathetha kum, lathi, “Ngoku basendleleni ukuzakuthatha ukuba ubuyele emva. Sukuyikholelwa.” Lathi, “Banyaniseke kakhulu, kwaye bayeza kuwe no ITSHO INKOSI, kodwa baphosile.” Yabona?

<sup>151</sup> UFred Sothmann, abaninzi babo apha, babephaya xana ndabaxelela malunga nayo. Ngaphantsi kweyure, abantu baqhuba beza endlwini yam. Ndathi, “Kukho abafazi abathathu kunye nendoda.”

“Oko ngokuchanekileyo kulungile.”

“Baza no ITSHO INKOSI?”

“Ewe, mhlekazi, bona . . .”

<sup>152</sup> Ndathi, “kakade, uyayazi into omawubaxelele yona.” Ngokunyanisekileyo baphosile, yabona. Abantu abalungileyo, kodwa ngokunyanisekileyo baphosile. Yabona?

153 Emva koko ndacinga, “Kuhle, ndingenza ntoni? Yintoni amandiyenze?” Waza ngoko uMeda wangena, kwaye wayemkile ukubuyela emva. Kwaye uMzalwana uFreddie waya wabaxelela abantu. Kwaye emva kwethuba, ndandiphaya e—ebhedini, kwaye ndacinga, “Kutheni isenzeka ngolwa hlobo? Kutheni ndingenakho ukuthetha? Kutheni ndingenakuthetha nomntu othile, okanye into ethile?” Kwaye ndandingqengqe phaya. Waza uMeda wangena, kwaye wayebuyela emva ephuma egumbini.

154 Ndaza ndajonga, ndabona into ethile idanyaza ngaphaya kwelinye icala. Ndaza ndajonga, kwaye kwakukho oku... udonga lwam lwavuleka, ndaza ndabona uYesu. Bangaphi kuni abakhe bandiva ndisitsho ukuba ndabona uYesu kabini ebomini bam, embonweni? Kwaye ndiyakholwa ndiyakuMbona kwakhona ngaphambi kokuphela kwexesha, ukubona, ukubona Yena kwakhona. Ngoku, ndajonga, kwaye izibhakhabhaka zaziphandle phaya, nje kwakhangeleka ngathi ndajonga ukudlula eludongeni. Kwaye phaya yayiyiBhayibhile imile kanye *ngolu* hlobo, iBhayibhile enkulu kakhulu imile esibhakabhakeni. Kulungile, kwakukho into ethile yakhanyisa ukujikeleza iBhayibhile, kwaze eBhayibhileni kwaphuma owona mhle umnqamelezo ogolide. Waza wema ngaphandle *ngolu* hlobo, kwaye izikhanyiso ziphuma macala onke ukuwujikeleza, waze kulamnqamelezo Waphuma ehamba. IBhayibhile yabonisa umnqamlezo, umnqamlezo wabonisa Yena. Kwaye Weza ehamba ephuma, wahamba esehlela ngqo apho ndandikhona. Ndingayibona ngokucacileyo, ndingawubona lamnqamelezo ubonisa iinwele Zakhe emile phaya, zisihla phezu kobuso Bakhe.

155 Wajonga ezantsi kum *ngolu* hlobo, waza Yena wathi kum, “Ulindlele ulungiselelo lwakho olutsha ukuba luqinisekisiwe kuwe.” Wathi, “Sele ndilungisekisiwe kuwe. Selungisekisiwe. Kufuneka ulwamkele.” Yabona? Ndaza ndema ndaphulaphula kuYe nje umzuzu. Kwaye yeza engqondweni yam. Andizanga ndikuve okuya, kweza nje engqondweni yam.

156 Njengedoda ebe ingumoni bonke ubomi bayo, kwaye isazi ikhona iBhayibhile, isazi ukhona uThixo, kodwa konke ngaxeshanye iva intshumayelo, emva koko Into iyayixelela, “nguwe.” Emva koko, ela Lizwi linye beliphaya lonke ixesha, noko liqinisekisiwe kuyo, emva koko ithi, “Nkosi, ndixolele.” Kodwa ayiyi kuyenzela nto ilungileyo ide yamkele intsindiso yayo, emva koko iyaphuma ize ibe ngumKristu. Akukhathaliseki ikhala kangakanani, icela kangakanani, kufuneka iyamkele Yona.

157 Waza Wathi kum ngoko, “Kufuneka ulwamkele ngendlela enye. Kufuneka ulukholelwe.”

158 Ndiyoyika ukweyiswa. Nantoni, ndiyoyika ndiyakuzisa ihlazo. Ndasoloko ndiloyika, ndiqaphela, ndicinga ndiyakubiza

into engalunganga. Kuba, ndithathe isilumnkiso seBhayibhile, indlela uMoses awanikwa amandla amakhulu, kwaye wabetha ilitye endaweni yokuthetha nalo. Ndiyakhumbula u-Eliya, ngokuba waba nempandla, bona abantwana abancinci bemgezela malunga nokuba nempandla; kwaye wabeka isiqalekiso kwabo bantwana, kwaye amashumi amane anesibini abo babulawa ziibhere, yabona. Kwaye oko yayingengoMoya oyiNgcwele, kodwa yayingulamprofeti, enomsindo. Kwaye nda—ndangena kuzo zonke izinto, ukuza kokuya.

<sup>159</sup> Kwaye nanko Yena emile, ethetha nam. Waza Wathi, “Kodwa uhamba nabaninzi kakhulu.” Wathi, “Ukuhamba naM, uyakuhamba wedwa.”

<sup>160</sup> Ndibonile ngoko, bendibalungiselela kakhulu emahlelweni nayo yonke into, niyabona, umntu othile ezama ukukuxelela into omawuyenze nomawungayenzi. Kufuneka ulandele Yena. Ngoku, khumbulani umbono Awandinika wona malunga neentlanzi, niyazi, nendlela ongenakufundisa ngayo iintsana zamaPentekoste imiqondiso engaphezu kwendalo. Niyakhumbula. Kwaye nantsiya yayikho. Kwaye ndikungqameko lwaloMyalezo mtsha.

<sup>161</sup> Kungekho ngaphezulu emveni kokuba umbono umkile kum, ndathi, “Amen, Nkosi!” Kwaye unkosikazi wam wayemile phaya, phantse ukufa isiqaq. Ndaza ndaxhuma ebhedini, ndandinakho ukuthetha ngokulungileyo njengoko ndakhe ndanakho. Nje kumzuzu, yonke intwanana yomkhuhlane yemka kum.

<sup>162</sup> Ndabiza uGqirha Schoen, ndathi, “Ndingathanda undijonge.”

Wathi, “Intoni?”

<sup>163</sup> Ndaza ndaya ngaphaya, waza wandijonga, wajonga kulomarhanana isayinasi, wathi, “Ndixelele kwenzeke ntoni, Mzalwana uBranham.”

Ndathi, “Uyakulikholelwa ibali lam?”

Wathi, “Ndingathini ukuthandabuza lonto? Yenzekile.”

<sup>164</sup> Yilonto, yabona. Yilonto, mhlobo. UThixo uyayazi indlela yokukubamba kwingqumba yothuthu. Uyayazi indlela yokukwenzela into ethile ade azise uMyalezo kuwe, yabona, ukukwenza wenze into ethile.

<sup>165</sup> Namhlanje, andiyazi kungakanani ukweyiswa. Ndiyile kungekudala kwixesha eligqithileyo, ndandimamele usasazo lukanomathotholo. Kwaye phaya yayingumlungiseleli eshumayela kuvuko, kwabaseKorinte Bokuqala i-15. Kwaye wayeshumayela uvuko. Waza wema kanye embindini wentshumayelo yakhe, wathi, “Niyayazi, abantu abaninzi bayoyika ukweyiswa.” Wathi, “Xana uNjengele Patton waphulukana nemfumba yamajoni,” wathi, “baza bamxelela

ngoko...Wathumela emva waza wafuna amanye, baza bathumela amanye. Wenza abulawa, waza wathumela efuna amanye. Waze akufumana imfumba yesithathu phaya,” wathi, “lonke ixesha imbumbulu iyakutswina, ayakubalekela phantsi kwenkonkxa, okanye babalekele phantsi kwento ethile engenye, besoyika.”

<sup>166</sup> Wathi, “Ndithumelele amadoda, hayi abantwana.” Wathi, “Ndifuna amadoda akulungeleyo ukufa. Andifuni mntu okoyikayo ukufa. Ukuba isizathu esilwelwa sona asibalulekanga ukufelwa, ngoko bagcinele kude kum. Ndifuna amadoda.”

Bathi, “Kodwa uphulukene namabini okanye amathathu amadabi.”

<sup>167</sup> Wathi, “Andiphulukananga namfazwe. Ndiphulukene nedabi.” Into ethile yathetha entliziyweni yam.

<sup>168</sup> Ndiyakhumbula u-Eisenhower wathi, “Xana ndihlohla imbumbulu, bayalela baza bahlohla ikhohlombe kumpu, bawutsala kwaye waze wantlntliza, kwaye zange isebenze,” wathi, “Andikhange ndiyeke ndinikezele. Ndakhupha imbumbulu ndaza ndafaka enye, ndazama. Ukuba ayisebenzanga, ndafaka enye, yade enye yasebenza.”

<sup>169</sup> Leyo yindlela efanele yenziwe ngayo. Andiyazi iyakusebenza njani. Kodwa uThixo nguMgwebi wam phezu kwale pulpiti, andiyazi mingaphi imintlntlizo kwaye mangaphi—mangaphi amadabi endiyakuphulukana nawo, kodwa andisokuze ndiphulukane nemfazwe. Wandixelela Uyakuba nam. Ndiyakuma de ndibone olwalungiselelo luqinisekiswa kwaye ndilubone lusebenza. Ndiqalisile ngale ntsasa ngobabalo lukaThixo. Andiyazi nokuba luyakusebenza apha, nokuba luyakusebenza ndaweni ingenye, luyakusenza njani okanye luyakwenzeka njani. Kodwa ndiyakuya kanye emigceni yokuthandazela, ndithandazele abagulayo, ndide ndiyazi kwenzeka ntoni. Ndilubonile lusenzeka amabini okanye amathathu amatyeli.

<sup>170</sup> Ndilubonile lusenzeka endlwini kaHattie. Bangaphi abakhe beva ibali malunga noonomatse, kunye namalunga nentombi, umfazi omncinci? Umntu wokuqala kuko konke kusukela saziyo, kusukela kwimihla yabafundi, owakhe wanikwa inyhweba yokuthi, “Cela nantoni oyifunayo,” xana uphaya. Nakhe naliva ibali? Nakhe nambona umfazi? Bangaphi abangazange bambone, nabafunayo, abangathanda ukubona umfazi eyenzeka kuye? Thina . . .

Hattie, ungaphakama? Nalo inenekazi.

<sup>171</sup> Ndimile endlwini yalo. Emveni kokuba ndibone oonomatse abasibhozo, oko kwakungekho nanto ngokuqinisekileyo naphina phaya, kwaye, nje thetha ilizwi, kwaye phaya bayakuma phaya. Leyo yinyaniso. Okuya, nabaya bekho. Ndaza ndathi, “Yintoni eyenze oonomatse beze phaya?” sihleli etafileni yakhe.

Kwaye unina, uDade uWright, nanku uMzalwana uWright, wayehleli phaya. Bangaphi ababesetafileni, bangaphi abalapha ngale ntsasa? Phakamisani izandla zenu. Kuhle, nabaya, konke ukujikeleza isakhiwo. Yabona? Kulungile, babephaya. Ndathi, “Ngenye imini . . .” Udade wabo omncinci okhubazeke umzimba ehleli phaya.

<sup>172</sup> Ndathi, “Lufanele luze ngombono, njalo njalo, kodwa ngenye imini luyakuza ngokwahlukileyo.” Ndandithetha ngolwahlobo. Konke ngaxeshanye, Into ethile yathambisa okuya (yishiye kwaba bantu), andizange ndeva ngokuvakalelwa enjalo intambiso. Kutheni? Ngokuba uHattie watsho into elungileyo.

<sup>173</sup> Ndathi, “Bebevela phi oonomatse? Kwakungekho nomnye phaya, kwa nkqu indawo yabo, nje ngokufana kwipali yemfonomfono kanye phaya. Kwaye ndayibona isenzeka amatyeli asibhozo elandelelana.” Ndaza ndathi, “Andimazi uvela phi.” Ndathi, “Kuphela kwento endiyaziyo, yokuba uThixo uzame ukuqinisekisa uMyalezo ku Abraham ngelinye ixesha, kwaye Wathetha inkunzi yegusha yabakhona, ngokuba Wayedinga inkunzi yegusha, ukuWuqinisekisa. Kufanele ukuba ndandidinga unomatse, ukuthetha okwam. Kwaye Wayenza amatyeli asibhozo alandelelanayo, okanye amatyeli asixhenxe alandelelanayo, gxebe, amatyeli asixhenxe alandelelanayo.” Ndaza ndathi . . .

<sup>174</sup> Kwaye, uHattie, mhlawumbi engazi umfazi awayekuthetha. Jonga Igqithe njani izityebi nezikhakhamela. Jonga Igqithe njani yonke into, yaza yeza kohluphekileyo omncinci umfazi wasemaphandleni phaya.

<sup>175</sup> Kwaye ndandinamashumi amabini eedola epokothweni yam, yokuba ndiyinike umfazi, okokuba, wayenqophisile amashumi amahlanu eedola kweli bandla litsha liqalisa. kwaye andikutsho oku ukumhlaza; wayengenakho ukuba namashumi amahlanu eesenti, ngokwenene, ukuyikhupha. Kodwa, intliziyo yakhe kuMyalezo, awayewufuna. UMzalwana uNeville, ndiyakholwa, wayamkela, engayi kuyithabatha yonke yayo, nje ukumvumela anikeze amashumi amabini eedola yayo. Kwaye ndandineedola ezilishumi ezigamaphepha ezimbini epokothweni yam, uMeda wayendinikele ukunkinqa, ndaza ndathi, “Ndizakumbuyisela namhlanje.”

<sup>176</sup> Ndaza ndacinga, Into ethile yathetha nam, yathi, “UYesu wabona lamhlokokazi efaka iipeni ezintathu zakhe, kwaye Akazange azithathe kuye.” Wamyeka waqhubeka ngokuba Wayenento enkulu ezantsi endleleni.

<sup>177</sup> Kwakukuncinci endandikwazi Wayethetha nam ngendlela ekwanye, ngomfazi ongumhlokokazi, engena ndoda. Indoda yakhe yayibulewe. Ndingazi nokwazi okokuba lowo yayikwanguLowo, xa ndathi, “Ngoko ndiyakuzigcina nje iidola ezingamashumi amabini, Unento engenye ukwenzela yena.”

178 Ndathi, “Kuphela kwento endiyaziyo, ukuba uYehova usenguJehovah-Jireh. Unakho ukubonelela ngedini.”

179 Kwaye uHattie, engazi awayekuthetha, waphakama wathi, “Oko asiyonto kuphela inyaniso, Mzalwana uBranham.” Owu, bethu! Leyo yayiyinto elungileyo yokuthethwa. Leyo yayiyinto elungileyo yokuthethwa.

180 Malunga nelo xesha, aMandla kaThixo abetha landawo; andizange ndeva ngokuvakalelwa enjalo intambiso. Xana Akwenza, ndathi, “Hattie, ITSHO INKOSI, cela into oyifunayo! Andikxathali nokuba yintoni, uThixo undinikile igunya lokukunika umnqweno wentliziyo yakho kanye ngoku. Ukuba ucela isigidi seedola, unganazo. Celela leya ikhubazeke ngomzimba intombi encinci ukuba iphakame kwaye ihambe, iyakuyifumana. Cela nantoni engenye.”

Wathi, “Ndiyakucela ntoni, Mzalwana uBranham?”

181 Ndathi, “Nantoni na oyinqwenelayo. ITSHO INKOSI.” Owu, okunjani ukuvakalelwa!

182 Wabhekabheka. Nakuya kuhleli omdala utata wakhe ontloko ingwevu owabuyiswa ekufeni, phantse. Nakuya kuhleli omdala umama wakhe, ogulayo. Nakuya kuhleli owakhe omncinci, okhubazeke umzimba udade.

183 Kodwa wakhetha nje oko kwakulungile. Wayenamakhwenkwe amabini afikisayo nje kulanyaka wokungakhathali. Obalulekileyo umyeni wakhe emkile ukuya eLuzukweni; wayengumKristu, elindile. Kodwa amakhwenkwe ayengengomaKristu. Wathi, “Imiphefumlo yamakhwenkwe am amabini.” UThixo ayisikelele intliziyo yakhe.

184 Ndathi, “ITSHO INKOSI, ubafumene.”

185 Kwaye banjalo, babhaptizelwe eNkolweni. Babendixelela ngobunye ubusuku, nkqu, lantwanana incinci yenkwenkwe ihlamba iinyawo phaya, ibeka izandla zayo phezu kwentloko kaMzalwana uNeville, imthandazela xana wayehlamba iinyawo.

186 Amabini amakhwenkwe amancinci mhlawumbi ahleli apha emhlanganweni ndaweni ithile ngale ntsasa. Ingaba bakhona, Hattie, ingaba balapha kunye nani? [Udade uHattie uthi, “Bangasemva phaya.”—Mhl.] Emva, ngasemva. Niphi, makhwenkwe? Phakamisani izandla zenu. Aphi amakhwenkwe amabini? Nangaya, emile emva ngasemva. UThixo anisikelele. Kulungile. Nantso ke.

187 Ngoku, kwenzeka ntoni? La nto inye, nokuba kutheni, ebeyakuyenza... into ebenokuyicela, wayenokuyifumana. Wayenokuyifumana.

188 Ngoku ndifuna ukubona oko kusenzeka. Izakuba sisimilo sabantu kuMyalezo. Jonga indlela awayitsho ngayo? Watsho nje into elungileyo. Yinto oyitshoyo, eyenzayo. Into oyitshoyo!

189 Jonga kumfazi womSirofenikikazi xana weza kuYesu. Wathi, “Nkosi, intombi yam iphethwe yidemoni kakubi. Wena Nyana kaDavide, yiza uyiphilise.”

190 Wathi, “Asinto intle kuM ukusithabatha isonka sabantwana ndisinike nina zinja.”

191 Whew! Bekungathini ukuba Wayenokutsho oko komnye wethu? Besinokuthi, “Ukundibiza inja? Huh, wayengeyonto kuYe, kakade! Ibandla elikhulu lilungile. Akayonto kuphela umqengqeleki ongwele. Akayonto kuphela uBhelezabhule.” Besiyakuba naso eso similo. Kodwa hayi yena.

192 Wathi, “Yinyaniso, Nkosi. Unyanisile ngokuchanekileyo. Kodwa izinja zikulungele ukutya ingququ phantsi kwetafile yabantwana.”

193 Oko kwaMfumana. Wathi, “Ngenxa yoku kutsho, idemoni limkile kwintombi yakho. Ngenxa yoku kutsho!”

194 Sisimilo senu, zihlobo. Akayitshongo na Yena? Kufuneka niyikholelwe, zihlobo. Nina, sanukukholelwa mna, ndingumntu; kodwa kholelwani oko ndinixelela kona, kholelwani uMyalezo. Ukuba anikholelwa umthunywa, kholelwani uMyalezo. Ukuba indoda ihamba yangena egumbini phaya, kunye neleta yocingo, akukhathaliseki ngubani, ikhangeleka njani indoda okanye ngubani yona, inkulu okanye incinci, niyakukholelwa oko kukwileta yocingo, hayi indoda. UThixo uthume mna ukuba ndinixelele. NdinoMyalezo. UThixo uthumele mna ukuba ndinixelele ukuba Uvukile ekufeni, okokuba Ulapha ngale ntsasa. Ubonisile ngemiqondiso nangezimanga, ukuba Ulapha, kwaye ngamnye kuni angaphiliswa kwizigula zenu ukuba nje ningathabatha isimilo esilungileyo njwengoko nisiza. Ningakwenza oko, ngelixa sicula *Kholwa Kuphela*.

195 Ngoku mabathi abo bazakuthandazelwa, beze benyukele kanye apha badwele kanye khona apha. Ngoku, sukuza ngaphandleni kokuba uyakhowa ngentliziyo yakho yonke.

196 Nkosi exabisekileyo, lena yiyure. Ndiyathandaza ukuba Uyakuphilisa aba bantu, Nkosi. Kwaye ungcwalise le oli. Fumanela uzuko kuWe, Bawo. Sithumela ezi eGameni likaYesu Kristu. Amen.

197 Andazi ukuba singacela ukuba abo bantu abamileyo *kweli* cala apha, ukuba kukho indlela yokuba banokufumana indawana encinci apha, ukuze sibenokumisa abantu kufuphi, ukuba ningayenza. Ukuhamba apha, ukuphuma *ngala* ndlela. Emveni koko bonke bangeza ngale ndlela, kanye ezantsi ngomgca, ukwenza umgca omnye ophuma ngala ndlela.

198 Into ethile ifanele yenzeke, Mzalwana uNeville. [Umzalwana uNeville uthi, “Amen. Iyenzeka kanye ngoku. Mayibongwe iNkosi! UYesu ulapha. Ewe. Wonke ubani wabo uphilisiwe ngaMandla kaThixo.”—Mhl.] Amen.



199 (Uthini? Kulungile...Kuhle, hayi, nje kanye ukunqumla apha. UMzalwana uNeville nam, ehe, sizakuthandazela bona kanye ekugqibeleni. Ke, akunakubazisa ngapha ngale ndlela, kuba uyakube, ukuba uyakwenza, uzaku...Nje umzuzu...?...) )

200 Ngoku mandithi kwisihlwele esilindileyo: *Eli* liLizwi likaThixo, Lowo mna...Endiphile ngalo, nendiyakufa ngalo, ngobabalo lukaThixo noncedo. UThixo enguMgwebi wam ondilisekileyo, ndinixelele iNyaniso. Ndebibile, kwaye zonke ezi zinto zisiza kuyo. Kwa nakwintlanzi encinci eyavuswayo ezantsi phaya, nakhe naliva ela bali? Nakuya kuhleli amadoda emva kanye phaya, omabini, ayephaya xana yenzekayo; yaxelwa usuku phambi kokuba yenzeke. Ngoku, ndinganixelela njani ezi zinto ezizizo? Yabona, ndifuna ukushumayela kuzo, ngobunye bobu busuku, ku*Lungelelaniso lobunzima*. Indoda inganixelela into, kwaye nje ukuqhubeka ukwakha ngokufana nokuya, kodwa ukuba akukho Sibhalo sokuyilungelelanisa ubunzima, ekugqibeleni iyakuwa. Ukuba olu calulo, kunye nale mibono nezinto endinixeleleyo malunga nazo, ukuba ayikhange ibe yiNyaniso; into yokuqala, kukho iBhayibhile yokuyixhasa, kwaye kwakukho uMoya oyiNgcwele wokuqondakalisa ukuba ndinixelele iNyaniso.

201 Ngoku, bendinamalunga neshumi elinesine leminyaka entsimini, ukudlula kuso sonke isigxeko ebesinokufunyanwa phambi kwam. Abafundileyo, abahlakaniphileyo, nayo yonke engenye, akukho nalinye ixesha abakhe... .

202 Ngoku niyazi oko bakutshoyo? Nikuvile apha. Bathi, “Abantu esihlweleni baya kuzulazula, bathethe nabantu.” Kuqala bathi yayingabantu abasuka ebandleni lam, abanyukela phaya ukuba yenziwe. Emva koko ababanganakho ukukufumana okuya, baninzi kakhulu.

203 Into elandelayo bathi, ukuba, “Iyakuba njengabazalwana” abahamba nam, “bema emva phaya bathi, ‘Le ndoda inokuva, ezindlebeni zayo.’”

204 Emva koko batsho ukuthi, “UBilly Paul, uBilly Paul uyakuza kwaye—kwaye anyukele phaya aze afunde emakhadini, into abayitshoyo abantu. Ukuba kungabakho into engalunganga ezindlebeni zabo, uyakuthi, ‘indlebe zabo’ okanye ‘isisu sabo.’”

205 Kanjani ehlabathini bona phaya bengenawo amakhadi okuthandazelwa? Kanjani ehlabathini ingaxela kwantlandlolo izinto ezenzeka ngokugqibeleleyo? Ingathini ukuba ngala ndlela? Ayinakho. Nabanina uyayazi, onengqondo yakhe elungileyo.

206 Batsho into ekwanye malunga noYesu, xana uFiliphu waya kubiza uNathaniyeli. “Wayesisihlobo sikaYesu.” Wathi, “Ngokuqinisekileyo, umxelele uYesu konke malunga nako. Ulandela emva kwakhe.”

207 Baze bona abafundi bathi, okanye bona abafundi bebandla elikhulu bathi, “LeNdoda nguBhelezabhule. InguBhelezabhule. Ingumvumisi.”

208 Wathi uYesu, “Ndiyakunioxolela ngako oko. Kodwa ngenye imini uMoya oyiNgcwele uyeza uzokwenza into ekwanye igama elinye ngokuchasene nOkuya alisokuze lixolelwe.” Ngoku ukuba . . .

209 Bendinyanisekile kuni bantu, nje ukunyaniseka endikwaziyo emandibe kuko. Owu, ndingabe ndiphikisene nezinye iinkolelo eninazo kwencinci yemfundo yezenkolo nezinto. Kodwa, isizathu endikwenzela kona okuya, uPawulosi wathi, “Ukuba ingelosi isuka eZulwini iyeza ishumayele nayiphi enye into kuphela oko la Bhayibhile ikutshiloyo,” noko akufundisileyo, “mayisingelwe phantsi.”

210 Ke, kufuneka ndilandele kuphela oko iBhayibhile ikutshiloyo. Ukuba iBhayibhile ithe, “Unguye izolo naphakade,” ndiyakukholelwa oko. Nje nantoni iBhayibhile ekutshiloyo, oko koko ngqo endikukholelwayo. Ndiyakutsho nje ngolwahlobo. Andikhange ndibe nayo nayiphi imfundo, andikhange ndibe nalo naluphi uqeqesho. Ndiye nje ndaphulaphula kuMoya oyiNgcwele kunye neBhayibhile. Kwaye okwakalokunje, kude kuzokuba yilentsasa yePasika, okwamashumi amathathu ananye eminyaka, Akazange wandiphoxa.

211 Kwaye ndiyanixelela ukuba uMoya oyiNgcwele undixelele malunga nolwa lungiselelo luzayo, kuleminyaka igqithileyo mibini okanye emithathu, kwaye bendixelela amabandla ndaweni yonke. Kwaye uThixo uSomandla ekubeni enguMgwebi wam, kanye apha kweli cala leSalem, bona abonomatse babakhona apho kwakungekho bonomatse. Kanye ezantsi phaya kunye noCharlie, emile emva phaya, kwaye iqela labo ezantsi apha eKentucky; bona abonomatse beza kanye endaweni apho babengekho, yaxelwa apho ayakuba khona. Apho uTony kunye nabo, uBanks, ehleli phaya. Kwaye nantso yayikho, ngokuchanekileyo. Yabuyela emva, kwaye umntu wokuqala eyakhe yathethwa kuye, yayingulamfazi ehleli kanye phaya, kwaye nantsiya. Ngenye intsasa phezulu phaya, xana ndandigula ngemeko yomqala, ndabona uYesu emile phambi kwam, kwaye Wandixelela okokuba ulungiselelo seluqinisekisiwe kum.

212 Ngoku yintoni ezakwenzeka, andiyazi. Kodwa, into enye, kufuneka ndibeke enye ecaleni, ukuze ndingene kule. Kuphela kwendlela endiyazi yokuyenza. Makwazeke ngoku. Makukrolwe oku, njengoko uYobhi watsho ngale ntsasa, ngosiba lwesinyithi, elityeni. Andiyazi emandiyenze. Kuphela kwento endiyaziyo, kukuya phambili. Wandixelela. Kwaye uThixo nguMgwebi wam, Wandixelela. Ndinixelele iNyaniso. Kwaye ukuba uThixo ugqinisele kwaye wanixelela, kwaye akukho nalinye ixesha

angathi namnye apha wakhe wabeka isandla sakhe nakwintoni eyakhe yaba yengalunganga, ngoko oku kulungile, nako. Kulungile, nako.

213 Ngoku xana ndisiya apha ndize ndime ekugqibeleni komgca. Ndinomdala, uMzalwana uNeville phaya, indoda enobuthixo, umalusi wethu apha, ukuba athambise abantu. Ndizakubeka izandla ebantwini, ngenxa yomyalelo kaYesu, emva kwePasika, yayingu, “Hambani niyekubeka izandla kwabagulayo, bayakuphiliswa.”

214 Andikwazi oko Azakundixelele kona emgceni. Ndizakuzama ukuva ngokuvakalelwa leya ntambiso inkulu. Andiyazi yintoni eyakwenzeka. Andiyazi. Nantoni na eyiyo, ndiyakwenza njengoko Endixelela.

215 Ngoku yizani, yiza ngentliziyo egcweleyo. Akukhathaliseki nokuba Uyanohlwaya, ukuba Akatsho nto kuwe, nokuba yintoni, hamba uMbulela, niyabona. Kuba, umsebenzi wenziwe, iyindlela yokuza kuwe.

216 Ngoku, mzalwana, kunye nala mlenze, ndifuna uyikholelwe. Ukuba Yena, ngemfonomfono, angasusa la ngxaki yesisu kuwe, Ngokuqinisekileyo angasusa lameko yomlenze kuwe ngale ntsasa, yabona. Ngoku ukholelwe ngayo yonke intliziyo yakho.

217 Kwaye inenekazi kunye nolwasana elinengxaki yentliziyo, ungapinde uthandabuze. Kholwa! Kholwa!

218 Ngoku ndifuna wonke umntu ebandleni abe semthandazweni. Kwaye ndiyehla ukuya kuthandaza. Nonke kuni qhubekakani nje nithandaza ngoku, ngelixesha ndizisa lomgca wokuthandazelwa udlule, ndicela, ndibeka nje izandla zam khona phaya kwaye ndisitsho intsikelelo.

219 Kwaye, khumbulani, ukuba nabani kuni unesono esingahlanjululwanga, makwazeke kuwe ukuba uThixo akasokuze akuphilise kunye nesasono singahlanjululwanga. Lungisa, phambi kokuba uze apha, kuba ingakwenza mandundu. Yabona?

220 Ngoku asilocalulo. Ucalulo, ndiyazifumana ezozinto zivele. Kodwa, kwaye olu asilocalulo, ndiphanda ulungiselelo olutsha. Nonke niqonda kakuhle? Kulungile. Ngoku kholelwani.

Ngoku masithandazeni njengoko siqubuda iintloko zethu.

221 Bawo Thixo, imizila yeminwe yam isekule pulpiti, ukusuka kwiiyure emva kweeyure, kuba ngoku phantse amashumi amathathu eminyaka okanye ngaphezulu, okokuba ndibe ndimile apha ndishumayela, kunye nakwihlabathi jikelele. Kwaye Ungqinisile iVangeli ebe ndiyishumayela, ngokuba uMyalezo usuka kuWe. Andizange ndaya nakwesiphi isikolo, zange ndabuza nakubani kuphela kuWe, ndifunda iLizwi Lakho nokulindela koko uMoya ayakukutsho ukuba ndikwenze.

<sup>222</sup> Kwaye ngoku, Nkosi, Wena uyazi malunga nolu lungiselelo lukaMarko 11:23, kwaye usazi ukuba iyure isondele, usazi ukuba ndikuxele ngokunyanisileyo malunga nabo nomatse, namalunga noDade Hattie namakhwenkwe akhe. Ngoku, Bawo, kwaye ekwazini ukuba la mbono uza kum phezulu phaya ebhedini, ngenye intsasa. Ndiyibonile laBhayibhile, kwaze emva koko yaba ngumnqamlezo, emva koko yaba nguWe. Kwaye kwatyhilwa engqondweni yam ukuba kufuneka ndiyamkele, ngokuba yayiqinisekisiwe.

<sup>223</sup> Ngoku, Nkosi, ndiya phambili ngale ntsasa ebandleni lam, ukuza kuma apha phezu kwale ntsasa yePasika, ndithandazela ukuba Uyakundivusela kwisipho esitsha, esinamandla ngakumbi, ukwenzela abantu, esinamandla ngakumbi. Hayi ngenxa yosindiso lwam; ngokuba Undisindisile, Nkosi, kwangaphambili. Hayi ukwenzela isiqu sam; ndizalile zonke izinto ezinkulu, ukuze ndazi Wena. Njengoko utshilo kum phandle phaya kula tempile inkulu, ngenye imini, “Ndisisabelo sakho.” Ngoku, Nkosi, mandibe sisabelo Sakho, ukuze ndibe nokufumana uncedo kuWe, okokuba uMoya Wakho uyakungena kum. Kwaye xana ndibeka izandla zam phezu kwaba baxabisekileyo, ababulalekayo abantu, wanga uMoya oyiNgcwele, Nkosi, ungenza oseleyo umsebenzi. Kuko konke endikwaziyo ukukwenza, Nkosi.

<sup>224</sup> Ndiyawukhumbula umyalelo wam, nda “Zalelwa ukuthandazela abantu abagulayo. Benze bakholwe, kwaye unyaniseke xana uthandaza.” Nkosi, mna nje... Andiyazi ndibe njani ukunyaniseka ngakumbi. Ndi—ndi... Bayabulaleka, Nkosi. Kwaye ndi—ndiye ndabulaleka, ngokwam. Nceda, Thixo Othandekayo, siphe okokuba baya kuphila, ngamnye.

<sup>225</sup> Ndiya phambili ngoku, Nkosi, ngokholo, njengoMoses waya ngakulwandle oluBomvu. Ndisuka kule pulputi indilisekileyo, ukwehlela kulo mgca wokuthandazelwa, eGameni likaYesu Kristu. Wanga uThixo ondinike aba nomatse, uThixo onike uDade Hattie loo mazwi, uThixo owandenza ndawathetha, wanga Angahamba nam. Ndiya eGameni likaYesu Kristu. [Ezinye iintetho zikaMzalwana uBranham kunzima ukuziva kumgca wokuthandazelwa olandelayo—Mhl.]

<sup>226</sup> Sathana, ndohlwaya i... wena, eGameni likaYesu Kristu, ukuba umke kusana. Mka, phuma kulomntwana; hamba, kwaye usana luphile.

<sup>227</sup> Ndibeka izandla zam phezu komzalwana, eGameni likaYesu Kristu, kwaye ndisohlwaya inkxwaleko emzimbeni wakhe. Amen.

Egameni likaYesu Kristu, mnike isicelo sakhe.

<sup>228</sup> Nkosi, eGameni likaYesu Kristu, nika uDade uRuth impiliso yakhe. Amen.

229 Ndiyakuluthandazela usana. Kodwa ndi—ndiyehla kula pulpiti...Uhlala phi? [Udade uthi, “Bloomington.”—Mhl.] Bloomington, Indiana? Ndibhalele ileta malunga nolu sana. Ludumbe konke esiswini apha ngoku. Uzakukholelwa, nenekazi, okokuba ilungile? [“Ndiyakholwa Ilungile.”]

230 Ngoko, Bawo, ndibeka izandla zam kwi...olu sana, kwaye ndisohlwaya lomtyholi. Suka kolusana. Kwaye sanga i...?... Sanga ngoku singalunga kwaye usana luphile.

Undibhalele ileta, kwiiqela leentsuku.

231 Yabona olwa sana lamehlo aligxwemu lilele phaya? Ukuba akuyi kuthandabuza kwakhona, uyakubuyisa *olwasana* uze ulibonise lilungile kwaye liphilile.

232 Ndibeka izandla phezu kodade. Kwaye wanga angaba nesimilo somfazi womSirofenikikazi. Kwaye wanga angaphiliswa eGameni likaYesu Kristu...?...

Mayiphiliswe intliziyo, eGameni likaYesu Kristu.

233 Ndithetha la mazwi. Kufanele liphiliswe. Ayinakuba yenye into engenye. Uthe uYesu, “Ndinganakho, ukuba niyakukholelwa.” Ngoku, ukuba Angenza unomatse abonakale kanye ngokufana *nokuya*, njengoko Wenzayo inkunzi yegusha ngelinye ixesha, Angayenza la ntliziyo ibonakale ilungile kwaye iphilile. Ifanele ibe njalo.

EGameni likaYesu Kristu, intliziyo mayiphile. Siphe oko.

234 Ngoku, akukho lula oko? Kulula. UThixo ulula kakhulu, sigqitha phezu komphezulu wayo. Ngoku yibani lula nje ngokwaneleyo de ningacingi nokucinga malunga nayo kwakhona. Iyakulunga.

235 Nkosi, yenza udade wethu aphile, eGameni likaYesu Kristu. amen. Dade...?...

236 Nkosi, ngoku ndiwathethile la mazwi, ngokunyanisekileyo njengoko ndivumayo phambi kwabantu. Ndibaxelele, “Ukuba nithe kule ntaba, ‘Funquka,’ kwaye ningathandabuzi, niyakukuzuzo oko nikuthethileyo.” EGameni likaYesu Kristu, yanga lenkxwaleko ingasuswa, nazo zonke iingxaki zakho onazo. Sukuthandabuza ngoku. Hamba kanye usondele kuYe ngoku.

237 Nkosi, ndibeka izandla zam phezu kwalo mncinci onalentloko ibuhlungu kakhulu. EGameni likaYesu Kristu, yanga ingaphiliswa. Amen.

238 Nkosi, eGameni likaYesu Kristu, yenza la ntaba ifunquke isuke kuye, yanga ingaphiliswa. Wanga umzalwana wethu ngoku angaphiliswa...?...Amen.

239 Ubuthulu nobumumu; sithulu simumu. Nkosi, eGameni likaYesu Kristu! Ndiye ndema ndashumayela imini emva kwemini, nonyaka emva konyaka, Andizange ndabona ukholo

luhlangana naWe, kubo bonke ubomi bam, kuphela kwabe kukho into eyenzekayo! Ngoku, sisithulu endlebeni yakhe, kwaye edumbile esiswini sakhe. Makaphiliswe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Ngoku, sukuthandabuza.

<sup>240</sup> Nkosi, Uyayazi inkxwaleko yomzimba wakhe. Kunye nezandla phezu kwakhe, ngentliziyo enyanisekileyo, makaphiliswe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

<sup>241</sup> Ukufa kulele kwelinye isango, ukholo kwelilandelayo. Thixo, qengqa ilitye uze uvumele ukholo luthathe indawo. Wanga umhlaza ungemka kuye, eGameni likaYesu Kristu.

<sup>242</sup> Nkosi, wanga angaphiliswa. Ndibeka izandla zam phezu kwakhe. UMyalezo usankenteza ngeendonga. EGameni likaYesu Kristu wanga angaphiliswa.

<sup>243</sup> Bawo Thixo, ndibeka izandla zam phezu komzalwana wam. Makwenzeke, Nkosi, uMoya Wakho namandla, amnike isicelo sakhe. Makwenzeke, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Igqityiwe. Sukuyithandabuza ngoku.

<sup>244</sup> Nkosi umnqweno womzalwana wethu kukuza eBukhoneni Bakho, kunye nalemeko phezu kwakhe. Ngoku, eGameni likaYesu Kristu, makazuze oko akucelayo. Amen.

<sup>245</sup> Enjani ukubankulu into! Yenza uMoya oyiNgcwele uze kulomntwana, ukwenzela uzuko lukaThixo ukuze babenokumzisa kweyakhe...?. . .Ukwenzela uBukumkani bukaThixo, lwanga lungayifumana. Amen.

<sup>246</sup> Bawo, eGameni likaYesu Kristu, mayibe njalo, okokuba udade wethu aphiliswe, kwaye isicelo sakhe sinikezwe, eGameni likaYesu. Amen.

<sup>247</sup> Yanga ingenziwa. Uyakufumana uMoya oyiNgcwele. Akukho indlela yokukugcinela kude ku...?. . .Ufanele! Ufanele uwufumane Wona, kuba uThixo utshilo njalo. Ume ngakuwo Wona.

Yophula nje olwaqweqwe luncinci phaya. Nje yithi...?. . .

<sup>248</sup> Bawo waseZulwini, eGameni likaYesu Kristu, nikeza isicelo sikadade wethu. Amen.

<sup>249</sup> Bawo, eGameni likaYesu Kristu, nikeza isicelo sikadade wethu. Wanga angaphiliswa. Amen.

<sup>250</sup> Angenza unomatse eze ebukhoneni, amatyeli asixhenxe alandelelanayo. Uyakunika la mfazi nantoni ayicelileyo; Uyakuyinikeza kuwe...?. . .

<sup>251</sup> Nkosi, eGameni likaYesu Kristu, nikeza isicelo sikadade wethu. LiLizwi Lakho. Enkosi kuWe. Kwaye yanga inganikezwa kuye, Bawo, ngoYesu Kristu. Amen.

252 Abathandekayo bakho? Bawo, eGameni likaYesu Kristu, nikeza ezi...?...

253 Nkosi, lomfazi mncinci womYuda...Wena unguThixo ka Abraham. Nikeza, eGameni likaYesu Kristu, isicelo sakhe. Makubenjalo!

254 EGameni likaYesu Kristu, Thixo weZulu, nikeza isicelo sakhe. Amen.

255 Le ntombi incinci. Nje ngokuba usiza eqongeni phaya, uThixo ebendixelela konke malunga nobomi bakho. Uyakususa okwakuphakuzela kuwe.

256 Nkosi, ndohlwaya ukuphakuzela kule ntombi. Kwanga kungemka kuye ngale yure aze aphume apha evuya. Iyakubakho, eGameni likaYesu Kristu.

257 Thixo weZulu, Owavusa uNyana Wakho, uYesu, eluvukweni esilibhiyozelayo, yanga ingalubhiyoza namhlanje...?... eGameni likaYesu. Amen.

258 EGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, ndibeka izandla zam phezu kodade wam, ndicela ukuba angaphiliswa ngoku eGameni likaYesu.

259 EGameni leNkosi uYesu Kristu, uNyana kaThixo, wanga udade wethu angaphiliswa. Amen. Ayinakumgcina. Ifanele imke. Mka, oku nje kufanele kumke.

260 Nkosi, eGameni likaYesu Kristu, wanga udade wethu angaphiliswa. Amen. EGameni likaYesu Kristu, ndiphilisa lona, udade wam. Amen.

EGameni likaYesu Kristu, ndiphilisa udade wam. Amen.

EGameni likaYesu Kristu, ndiphilisa udade wam.

EGameni likaYesu Kristu, ndiphilisa lona, udade wam.

EGameni likaYesu Kristu, ndimnika isicelo sakhe. Amen.

261 Nkosi, eGameni likaYesu Kristu, ndinika lo mama mncinci isicelo sakhe.

EGameni likaYesu Kristu, ndimnika isicelo sakhe, Nkosi.

Nkosi, eGameni likaYesu Kristu, ndimnika isicelo sakhe.

262 Sathana, ndikukhuphela ngaphandle. EGameni likaYesu Kristu, mka kumfazi.

263 Ube ubotshiwe ixesha elide. Ukhululekile ngoku. Uzakuphila. Izakulunga ngoku, ngoku. Yikholelwe ngoku.

264 Thixo, eGameni likaYesu Kristu, ndinika lo dade, okhubazeke ngomzimba, impiliso yakhe. Amen.

265 EGameni likaYesu Kristu, ndinika lo dade impiliso yakhe. Amen.

266 EGameni likaYesu Kristu, dade, ndikunika impiliso yakho. Amen. Mayibe njalo!

267 Ndiyathemba kuThixo andenzi mpazamo. Nikeza oku, ngokholo. Mayibe njalo!

268 Uyamkholelwa uThixo ukunika amandla ukuphilisa ingxaki yentliziyo nayo? Uyalikholelwa ela bali endisandula kulichaza? Ngentliziyo yakho yonke? Ngoko ndikunika impiliso yakho. EGameni likaYesu Kristu, ndikunika impiliso yakho.

269 Ngubani igama lalo mfazi osandula kuya emva phaya? Ingaba uhlala khona apha ndaweni ithile? [Udade thi, “Ewe.”—Mhl.] Ukhumbule ukuba uphilisiwe! Oko nje yinyaniso njengoko ndimile apha.

270 Bawo kwiGama likaYesu Kristu, nikeza oku, ndiyathandaza, impiliso yakhe. Amen.

271 Bawo, eGameni likaYesu Kristu, wanga angafumana impiliso yakhe. Amen!

272 Ndi—ndi—ndibiza wena. . . Ndi—ndi—ndi. . . Ngobabalo lukaThixo, ngesipho esiNgewele, ndikunika impiliso yakho! Khuphela ngaphandle lamtyholi, kananjalo.

273 Uyakholwa Dade uRose? Owu Nkosi, Mdali wamazulu nomhlaba, nika lo Dade uRose Austin le mpiliso, Nkosi, eGameni likaYesu Kristu. Amen. Yilonto, Dade uRose, hamba ukholwa ngoku.

274 Nkosi, nikeza kudade wethu impiliso yakhe, eGameni likaYesu Kristu. Amen. . . ? . . .

275 Ingaba uyakukholwa oko? Ukholelwa yonke intwanana yayo. Ngoko ndikunika, eGameni likaYesu, isicelo sakho. UThixo uyakumenza aphile.

276 Yanga ingabanjalo, Nkosi, okokuba umntakwabo uyakuphiliswa, emzimbeni nasemoyeni, eGameni likaYesu Kristu. Amen!

Yanga lena ingaba yiyure yokuba xana. . . ? . . .

277 Nkosi, ndibeka izandla phezu kwakhe, xana engenathemba ngokugqibeleleyo, koogqirha okanye nalunye unyango olusuka kwinzululwazi yamayeza. Kodwa hayi ekuhlanganeni novukileyo uKristu. EGameni likaYesu, wanga angaphiliswa. Amen.

[UMzalwana uBranham uthetha nodade—Mhl.] . . . ? . . .

278 Nkosi, nikeza kudade wethu, phulaphulisisa kwisicelo sakhe, qaphela lonke igama alitshiloyo. Yenzelwa uBukumkani. Ndiyathandaza ukuba Uyakuyinikeza kuye, eGameni likaYesu. Amen.

[Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] . . . ? . . .

279 Nkosi, njengesicaka Sakho, ndiphulaphule kulamama elilela usana lwakhe, ndohlwaya umtyholi okwenzileyo oku.



280 Kwaye phezu kovumo lokholo lomfazi, ndikhuphela ngaphandle lomtyholi. Akuyi kukwazi ukukhubaza ngomzimba lomntwana. Philiswa eGameni likaYesu. Amen.

Uyaphiliswa nje, dade. Sukuluthandabuza nje, nakancinci. UThixo akusikelele, mzalwana. Olo lusana lwakho? Lwanga lungamkela uMoya oyiNgcwele!

281 Akunakuluthathela ndaweni ithile usana uze uphulaphule kulo nje imizuzu embalwa. Ndiyakholwa into ethile yenzekile kusana. Uyakuyizuzisa. Uyakhukholwa oko?

282 EGameni likaYesu Kristu wanga umzalwana wethu angamkela impiliso yakhe.

283 Nkosi, anga aMandla kaThixo uSomandla angagweba inkxwaleko yomzimba wakhe, aze amzalise ngoMoya oyiNgcwele. Lena yiyure nexesha. EGameni likaYesu Kristu, ndiWunikela kuye. Amen.

284 Iswekile imkile. Wamkele uMoya oyiNgcwele. Kudala kangakanani uxhwalekile...?...Bonke ubomi bakho. Uyakholwa ukuba uKristu uyakukwenza uphile kwaye akuhlangule kwinkxwaleko yakho; akwenze ulunge?

285 Umntwana wakho? Unyawo lwakho—lwakho. Usandula kuza wedwa? Ukuba bendi, ukuba—ukuba—bendinamandla ngaphakathi kwam, yabona! Kodwa ndiyakholwa ukuba uThixo uyakundinceda ndibe nokholo ngawo. Ndiyakwenza yonke into esemandleni am. Uyandikholelwa? Uyalikholelwa ela bali malunga naba nomatse? Uyakholwa? Uyakholwa inokwenzeka, okokuba ngale ntsasa ukuba uThixo angaphilisa umzimba wakho, kwaye uhambe kwakhona, uhambe ngohlobo ekwakufanele ubenakho kwixesha lokuqala? Kukho into esandula nje kwenzeka ngozalo lwakho phaya, kukho into ethe yabuphazamisarha kancinci into kwaye nje akubanga nakukhula kakuhle. Nje kokufana nelungu likhula phezu kwelinye ilungu, lilicinezela phantsi. Ke, ukuba ela lungu linokusuka kwela lungu, liyakoluka kwaye lilunge. Yabona? Ingaba injalo? Sisiqalekiso. Sisiqalekiso. Ukuba isiqalekiso singemka, ngoko uyakuphila. Yabona?

286 Nkosi, ndiyacinga, kungathini ukuba lona ebengumntwana wam, kungathini ukuba lona ebengumntakwethu? Ngokholo, ndiyasisusa isiqalekiso, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

287 Nkosi, ndibeka izandla zam phezu kwakhe kwaye ndicelela impiliso yakhe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

288 Bawo Thixo, eGameni likaYesu Kristu, ndibeka izandla kulo ugulayo umfazi, ukwenzela impiliso yakhe. Amen.

Dade uNash, uThixo wakusindisa kumhlaza, kwiminyaka ethile egqithileyo.

289 Nkosi, nika uDade uNash isicelo sakhe. Njengesicaka Sakho, ndiyayicela. Iyakwenzeka. Leyo yimpendulo, Dade uNash.

EGameni likaYesu Kristu, nika udade wethu isicelo sakhe. Amen.

<sup>290</sup> [Umzalwana nodade bathetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Enkosi, mzalwana, buyela emva ebantwini bakuni ababephaya. Wanga uThixo angayinikeza. Elinjalo ukubalihle ixesha, abantu bakuni babuthelana xa ndandiphaya. Ube useBombay xana sasiphaya? Kuhle, ngoko uyazikholelwa ezi zinto endi . . . uvile?

<sup>291</sup> Nkosi, njengoko ebuyela emva ebantwini bakubo ukunqumla ulwandle, wanga angahamba ezeliswe ngaMandla kaThixo, ephiliswe kuso sonke isicelo athe wasicela. Wanga angaya kwaye ayamkele, eGameni liKristu. Amen.

<sup>292</sup> EGameni likaYesu Kristu, uNyana kaThixo, wanga udade wethu angamkela isicelo sakhe.

<sup>293</sup> Nkosi, nikeza isicelo sikadade wethu. Yanga ingxaki yakhe ingaphela kanye ngoku, ngovuko ngoYesu Kristu. Amen. Dade, ifanele ibenjalo, nje ifanele ibe njalo!

<sup>294</sup> [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Ufuna oku kuphindwe eVangelini? [“Ewe.”]

<sup>295</sup> Nkosi Thixo, njengoko lomfazi usemtsha emile apha, hayi nakanye ukwenzela injongo yesiqu sakhe. Uthandazela umntakwabo, unosuleleko egazini lakhe. Ndimnika isicelo sakhe. Ngomyalelo endawunikwayo yiNgelosi; nangombono kaYesu Kristu, iiveki ezimbalwa ezigqithileyo, egumbini lam; ndinika lentombi isicelo sayo. Amen.

<sup>296</sup> Ifanale ibe njalo. Uhlala kufutshane apha? [Udade uthi, “Memphis, Tennessee.”—Mhl.] Memphis, Tennessee. Ndibhalele ileta. Uya—uya—uyakuzuza isicelo sakho.

<sup>297</sup> Mzalwana uGrimsley. [Umzalwana uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] UThixo akusikelele, Mzalwana uGrimsley.

<sup>298</sup> Nkosi, singakhumbula kukude kangakanani apho asuka khona lomzalwana, kunye nomgxunya awembiwa kuwo. Ufuna okuninzi koMoya Wakho, Nkosi. Oku ndiyamnikeza, eGameni likaYesu Kristu. Ekuboneni imisebenzi yakhe yakamva, okokuba uzamile ukulandela Wena, ngoko, ngaMandla o—omyalelo endiwunikwe nguYesu Kristu, angqiniswa yiNgelosi kunye nombono, ndinika uMzalwana uGrimsley umnqweno wakhe. Mgcwalise ngokholo, nohambo olusondeleyo ayakubanalo.

<sup>299</sup> Kungathini ukuba ndikuxelele, hamba uze uphile, ukwenzela uBukumkani bukaThixo? Uyakholelwa oko ndikutshiloyo malunga nabo nomatse kunye nazo, kwaye uyakholelwa oko kuyinyaniso? Ngoko, Yena, Yena undinika oko ndikutshoyo kule “ntaba.” . . . ? . . . Akuyi kuba nenye. Akuyi kuba nenye. Akusayi kubakho nasinye isifo, nobabini, niyakuphila.

300 Ndikunika esi sicelo athe wasicela, kuye, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

301 Bawo Thixo, nikeza koku, udade wethu, isicelo sakhe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

Kulungile, dade, hamba, yikholelwe.

302 Bawo, njengoko lo mfazi egqitha apha, ndiyathandaza ukuba Uyakumnika isicelo sakhe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

303 EGameni likaYesu Kristu, ndinika lo mfazi isicelo sakhe. Amen. Sukuyithandabuza.

304 [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Uyakholwa uzakuyifumana? [“Ewe.”] Ngoko ndiyakunika isicelo sakho, ngaMandla anikezwe kum ngomyalelo kaYesu Kristu, kwaye wangqinelwa...?...Hamba, kwaye—kwaye uThixo woba nawe.

305 Mzalwana uFred, yintoni esentliziyweni yakho? [UMzalwana Sothmann uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Mzalwana uFreddie Sothmann, ndiyayohlwaya lathyefu emzimbeni wakho. Yanga ingemka kuwe, eGameni likaYesu Kristu. Amen.

306 Mzalwana uCollins. [UMzalwana uCollins uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.]

307 Nkosi, lo mzalwana uxabisekileyo ufuna ubhaptizo loMoya oyiNgcwele. Nkosi, ngako konke okungaphakathi kum, ndivakalisa iNtsikelelo phezu koMzalwana wam uCollins. Yinikeze. Wanga uMoya oyiNgcwele ungeza phezu kwakhe, kwaye anga angazaliswa nguMoya oyiNgcwele! Amen.

308 Mzalwana uCollins, kufuneka wamkele Wona, kufanele nje Uze. uThixo uyasivavanya nje.


309 Nkosi, nikeza isicelo sakhe. Wanga angakhonza Wena, nosapho lwakhe lukhonze Wena, ngentliziyo zabo zonke.

310 Thixo, nikeza kudade wethu isicelo sakhe. Ngako konke athe wakucela, wanga angakwamkela, ngoYesu Kristu iNkosi yethu. Amen.

311 Nkosi, nika lo mzalwana amandla okuba ancede ibandla lakhe. kwanga oku kunganikezwa. Ndimnika la mandla, ngoYesu Kristu. Amen.

312 [Udade uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] Dade, leyo yinto embi kakhulu onayo, ukuphakuzela. Uyakukholelwa endiyakukutsho kuwe yinyaniso? [“Ewe, ndiyakholwa.”] Uyakukholwa oko ngoku, ukuba ndi—nditsho kuwe inyaniso? [“Ewe.”] Ngoko ndinikeza kuwe impiliso yakho, ngalo iGama likaYesu Kristu. Nje ngokuqiniseka njengoko ndimile epulpitini, ubuphakuphaku bakho bumkile kuwe.

<sup>313</sup> [Umzalwana uthetha noMzalwana uBranham—Mhl.] . . . ? . . .  
Iyabonakala, konke phezu kwakho.

<sup>314</sup> Nkosi Thixo, kowam oxabisekileyo umzalwana omncinci  
apha, ubunzulu nokunzula komoya wakhe kubiza njengenzulu  
ibiza kwiNzulu. ufuna uMoya oyiNgcwele. Uyihloniphile  
inkonzo Yakho, Nkosi, kuyo yonke indlela athe wanakho.  
Ngamandla kaMoya oyiNgcwele, wanga Ungeza phezu  
komzalwana wam, kwaye azaliswe ngaMandla kaThixo  
nobabalo, uMoya oyiNgcwele. Mamkele, njengoko ndimnikela  
kwi . . . 

*YIYA, UXELE* XHO60-0417M  
(Go, Tell)

UTHOTHO LOMYALEZO WEPASIKA

Lo Myalezo ka Mzalwana William Marrion Branham, waqala ukushunyayelwa ngesiNgesi ngentsasa yeCawa yePasika, ngo-Apreli we-17, 1960, kuMnquba kaBranham eJeffersonville, Indiana, U.S.A., wathatyathwa kwisishicileli-mazwi waze wabhalwa ngesiNgesi ungafinyezwanga. Le nguqulelo yesiXhosa ibhalwe yaze yapapashwa yi Voice Of God Recordings.

XHOSA

©2021 VGR, ALL RIGHTS RESERVED

VOICE OF GOD RECORDINGS, SOUTH AFRICA OFFICE  
58 DISA ROAD, ADMIRAL'S PARK, GORDON'S BAY 7140 WESTERN CAPE  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)

## Ilungelo lombhali elilelakhe lokushicilela

Onke amalungelo agciniwe. Le ncwadi ingaprintwa kwiprinta yasendlini ukwenzela ukuba isentyenziswe okanye kunikezwe ngayo, ngaphandle kwentlawulo, njengesixhobo sokukhawulezisa iVangelli kaYesu Kristu. Le ncwadi ayinakuthengiswa, yenziwe kwakhona ngesixa esikhulu, ifakwe kwi website, igcinwe kwindawo apho inokukhutshwa khona, itolikelwe kwezinye iilwimi, okanye isetyenziselwe ukurhwebesha imali ngaphandle kwemvume echaziweyo ngombalo ephuma eVoice Of God Recordings®.

Ngeechukacha ezithe vetshe okanye malunga nezinye izinto eziphathekayo, nceda qhagamshela:

VOICE OF GOD RECORDINGS  
P.O. Box 950, JEFFERSONVILLE, INDIANA 47131 U.S.A.  
[www.branham.org](http://www.branham.org)